

# IBHODI YASENTSHONA KOLONI YONGCAKAZO NEMIDYARHO



INGXELO YONYAKA KA-2019/20



**IBHODI YASENTSHONA  
KOLONI YONGCAKAZO  
NEMIDYARHO  
(IWCGRB)**

---

**INGXELO YONYAKA  
KA-2019/20**

# Isiqulatho

---

<b>ISAHLULO A: ULWAZISO NGOKUBANZI</b>	<b>1</b>
1. ULWAZISO OLUBANZI NGEBHODI	2
2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/OONOBUMBA-MAGAMA	3
3. IMBULLAMBETHE enikwa NGUSIHLALO	5
4. UGQABA-GQABA OWENZIWE LIGOSA ELIYINTLOKO YESIGQEBA (ICEO)	8
5. UKUXELA OTHWELE UXANDUVA NOKUGINISEKISA UKUBA LE YINGXELO YONYAKA-MALI ECHANEKILEYO	11
6. UGQABA-GQABA NGESICWANGCISO ESINOBUKUMKO	12
7. IZIGUNYAZISO ZOMTHETHO NEZINYE	13
8. ISAKHIWO SELI QUMRHU	16
<b>ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI</b>	<b>17</b>
1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IZIPHUMEZI-NJONGO EZIQINGQWE KWANGAPHAMBILI	18
2. UHLALUTYO LOBUME BEMEKO (ISITUATIONAL ANALYSIS)	18
3. INJONGO-NKULU EHAMBELANA NEZIPHUMO ZESICWANGCISO ESINOBUKUMKO (STRATEGIC OUTCOME ORIENTATED GOAL)	33
4. ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI NGOKWEEPROGRAMU	34
5. UQOKELELO LWENGENISO	46
<b>ISAHLULO C: URHULUMENTO (UKUPHATHA)</b>	<b>47</b>
1. INTSHAYELELO	48
2. IIKOMITI ZOJONGO-MSEBENZI	48
3. IGUNYA ELISISIGQEBA	48
4. IGUNYA ELINIKA IIMPENDULO /EKUPHENDULWA KULO - IBHODI	48
5. UKULAWULA IMINGCIPHEKO	64
6. ICANDELWANA LOLAWULO LWANGAPHAKATHI	65
7. ICANDELWANA LANGAPAKATHI LOPHICOTHO KUNYE NEKOMITI YOPHICOTHO	65
8. UTHOBELO LWEMITHETHO NEMIGAQO	66
9. AMAQIHNGA NOBUQHOPHOLOLO	66
10. UKUNCIPHISA UKUNGQUBANA KWEEMEKO ZOKULUNGELWA	66
11. UMGAQO WOKUZIPHATHA	67
12. IMPILO, UKHUSELEKO KWANEMIBA YENDAWO-NDALO (YEENVIRONMENT)	67
13. UNOBHALA WEKHAMPANI	67
14. UKUKHATHALELA ABANTU	67
15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI	68
16. ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI WOTHOBELO LWEB-BBEE	71
<b>ISAHLULO D: ULAWULO (UPHATHO) LWEZABASEBENZI</b>	<b>73</b>
1. INTSHAYELELO	74
2. IINKCUKACHA-MANANI ZOKUBEKA ILISO KUBASEBENZI	75
<b>Part E: Financial Information</b>	<b>81</b>
1. REPORT OF THE EXTERNAL AUDITOR	82
2. ANNUAL FINANCIAL STATEMENTS	87



ISAHLULO A

ULWAZISO NGOKUBANZI

# ISAHLULO A: ULWAZISO NGOKUBANZI

---

## 1. ULWAZISO OLUBANZI NGEBHODI

IGAMA:	IBhodi Yongcakazo Nemidyarho YaseNtshona Koloni
IADILESI YASEKHAYA:	100 Fairway Close Parow EKapa (Cape Town) 7500 IRiphablikhi YoMzantsi Afrika
IADILESI YEPOSI:	P O Box 8175 Roggebaai 8012
INOMBOLO YEFOWUNI:	+27 21 480 7400
IADILESI YEIMEYILI:	ceo@wcgrb.co.za
IADILESI YESIZA SONXIBELELWANO:	www.wcgrb.co.za
ABAPHICOTHI-ZINCWADI	
BANGAPHANDLE:	UMphicothi-Zincwadi Jikelele WoMzantsi Afrika
IIBHANKI:	Nedbank
UNOBHALA WEBHODI:	Heinrich Brink

## 2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/OONOBUMBA-MAGAMA

Olu luhlu luqulethe zonke izifinyezo/oonobumba-magama ezizizinto ezisetyenzisiweyo kuyo yonke le ngxelo yonyaka. Zisetyenziswe ngokufanayo kuwo onke amacandelo ale ngxelo ekubekho imfuneko yokuba zisetyenziswe kuwo (QAPHELA: Akululanga ukwenza izifinyezo noonobumba-magama ngesiXhosa. Ngoko ke abakhoyo apha ngaba besiNgesi. Kodwa amagama apheleleyo aguqulelwe esiXhoseni wona. Ke la esiNgesi ekuguqulwe kuwo abekiwe nawo, kodwa akwizibiyeli, abhalwe bukekela, ekwakhathsha zizimaphambili zesiXhosa, ngale ndlela awathetha ngayo amaXhosa xa ewasebenzisa kwintetho esisiXhosa yona. BM Mini. 19-10-2020)

Isifinyezo / unobumba-magama	Ukuchazwa
ADFIN / Adfin	EzoLawulo NezeMali (IAdministration and Finance)
AFS	Iingxelo-nkcazo Zemali Zonyaka (IAnnual Financial Statements)
AGSA	UMphicothi-Zincwadi Jikelele WoMzantsi Afrika
APP	Isicwangciso Sokwenziwa Komsebenzi Sonyaka (IAnnual Performance Plan)
BBBEE	Uxhobiso Lwabamnyama Kwezoqoqosho Ngokubanzi (IBroad Based Black Economic Empowerment)
Board	IBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho
Board	Amalungu eBhodi angesiso isigqeba xa ewonke (ICollective of non-executive Board members)
CASA	UMbutho WeeKhasino WaseMzantsi Afrika (ICasino Association of South Africa)
Capex	Inkcitho Kwintengo Yezinto Ezinkulu (ICapital Expenditure)
CEO	IGosa EliyiNtloko YesiGqeba (IChief Executive Officer)
CFO	IGosa EliyiNtloko Kwezemali (IChief Financial Officer)
CGICT	Ukuphathwa Kwethekhnoloji Yolwaziso Noqhakamshelwano Ngamashishini (ICorporate Governance of Information and Communication Technology)
COBIT	Iziphumezi-njongo Zolawulo Ezenzelwe Ithekhnoloji Yolwaziso (IControl Objectives for Information Technology)
COE	Iindleko Zengqesho-bantu (ICost of Employment)
CPI	Isalathiso Samaxabiso Sabathengi (IConsumer Price Index)
CSI	Igalelo Loosomashishini Kuphuhliso Lwabantu (ICorporate Social Investment)
Constitution	UMgaqo-siseko Wesizwe WeRiphabliki YaseMzantsi Afrika, 1996 (IThe National Constitution of the Republic of South Africa, 1996)
COVID-19	IKhovid-19. Isifo sevayirasi iKhorona esaqala ngo-2019 (ICoronavirus disease 2019)
DoL	ISebe Lezabasebenzi (IDepartment of Labour)
DTPW	ISebe Lezothutho Nemisebenzi Yoluntu (IDepartment of Transport and Public Works)
EE	Ulungelelwaniso Ekuqesheni (IEmployment Equity)
ERM	Ulawulo Lwemingcipheko Kumashishini (IEnterprise Risk Management)
EXCO	IKomiti YesiGqeba (IExecutive Committee)
FIC	IZiko Lezobuntlola Kwezemali (IFinancial Intelligence Centre)
FICA	UMthetho Weziko Lezobuntlola Kwezemali, 2001 (IFinancial Intelligence Centre Act, 2001)
FLASH	IZikwana Labarhwebi Ngezixhobo, Notywala nezinto Ezingentsha (IFirearm, Liquor and Second Hand dealers unit)
GRAF	IQonga LaseAfrika LaBamiseli-migaqo Bongcakazo (Gambling Regulators Africa Forum)
GRAP	Ukwenziwa Kojongo-mali Okuvunywe Jikelele (Generally Recognised Accounting Practice)
G2E	UMboniso Wongcakazo Lwelizwe Ngokubanzi (IGlobal Gaming Exposition)
HCC	Ikomiti Yendyebo Engabantu (IHuman Capital Committee)
HOD	Intloko YeSebe (IHead of Department)
HR	Abasebenzi (Okanye: Izincedisi-kwenza Ezingabantu) (IHuman Resources)
HRC	IKomiti Yomdyarho Wamashe (IHorse Racing Committee)
ICAS	Iinkonzo Ezizimeleyo Zoluleko Neengcebiso (Independent Counselling and Advisory Services)
IAGA	UMbutho Wabasebenzi Kwezemidlalo-ngcakazo Wezizwe Ngezizwe (I-International Association of Gaming Advisors)
IAGR	UMbutho Wabamiseli-migaqo Bezemidlalo-ngcakazo Wezizwe Ngezizwe (I-International Association of Gaming Regulators)
ICT	Ithekhnoloji Yolwaziso Noqhakamshelwano (I-Information and Communication Technology)
IT	Ithekhnoloji Yolwaziso (I-Information Technology)
ITIL	Ithala Lamaseko Ethekhnoloji Yolwaziso (I-Information Technology Infrastructure Library)

# ISAHLULO A: ULWAZISO NGOKUBANZI

<b>IYM</b>	Uhlolo Lwaphakathi Enyakeni (I-In Year Monitoring)
<b>LSA</b>	Isipho Senkonzo Ende (ILong Service Award)
<b>LPM</b>	Oomatshini Abahlawula Inxenye (IiLimited Pay-out Machines)
<b>MEC</b>	Inkulu Baphathiswa YePhondo (IMember of the Provincial Executive Council)
<b>Minister</b>	UMphathiswa Wezemali Namathuba Ezoqoqosho WaseNtshona Koloni (UWestern Cape Minister of Finance and Economic Opportunities)
<b>MOU</b>	Isivumelwano Semvano (IMemorandum of Understanding)
<b>MTEF</b>	Isikhokeli-ngcinga-kwenza Senkcito Yexesha Elingekude (IMedium Term Expenditure Framework)
<b>NAT JOINTS</b>	IQonga Lesizwe Losebenzo-kunye Kweenkonzo Zobuntlola (INational Joint Operation Intelligent Structure)
<b>NCEMS</b>	Indlela Yesizwe Yokubek'iliso Esebenza Ngamandla e-elektroniki (INational Central Electronic Monitoring System)
<b>NGB</b>	IBhodi Yesizwe Yongcakazo (INational Gambling Board)
<b>NPC</b>	INkampani Engajonge Nzuzo (INot for Profit Company)
<b>NTR</b>	IMigaqo KaVimba Wesizwe (INational Treasury Regulations)
<b>OD</b>	Ukuphuhliseka Kwequmrhu (IOrganisational Development)
<b>OHASA</b>	UMthetho Wempilo Nokhuseleko Empangelweni, 1993 (IOccupational Health and Safety Act, 1993)
<b>Opex</b>	Inkcitho Kwizinto Zokusebenza Zokuqhub'ishishini (IOperational Expenditure)
<b>PAC</b>	IKomiti Yeeakhawunti ZikaRhulumente (IPublic Accounts Committee)
<b>PAIA</b>	UMthetho Wokukhuthaza Ukufikeleleka Kolwazi, 2000 (IPromotion of Access to Information Act, 2000)
<b>PAJA</b>	UMthetho Wokukhuthaza Ubulungisa-mthethweni Kwezolawulo, 2000 (IPromotion of Administrative Justice Act, 2000)
<b>PDO</b>	Isiphumezi-njongo Esiqiqwe Kwangaphambili (IPredetermined Objective)
<b>PFMA</b>	UMthetho Wokuphathwa Kweemali Zikarhulumente, 1999 (IPublic Finance Management Act, 1999)
<b>PGWC</b>	URhulumente WePhondo laseNtshona Koloni (iProvincial Government of the Western Cape)
<b>PLA</b>	IGunya LePhondo Loniko-maphepha-mvume (IProvincial Licensing Authority)
<b>PI</b>	Isibonisi-kwenziwa komsebenzi (IPerformance Indicator)
<b>POPI</b>	UMthetho Wokhuselo Lweenkcukacha Zomntu, 2013 (IProtection of Personal Information Act, 2013)
<b>PRMA</b>	Uncedo Lwezonyango Lwasemva Komhlala-phantsi (IPost-Retirement Medical Aid)
<b>PTR</b>	Imigaqo KaVimba-mali WePhondo (IProvincial Treasury Regulations)
<b>SAPS</b>	IiNkonzo Zesipolisa ZaseMzantsi Afrika (IiSouth African Police Services)
<b>SARGF</b>	Iziko Longcakazo Ngenkathalo LaseMzantsi Afrika (ISouth African Responsible Gambling Foundation)
<b>SCA</b>	INkunda Engentla Yezibheni (ISupreme Court of Appeal)
<b>SC</b>	Umthetheli Omkhulu (USenior Counsel)
<b>SCM</b>	Ulawulo Lomqokozo Wobonelelo (ISupply Chain Management)
<b>SCOFEOT</b>	IKomiti Yojongo-msebenzi YasePalamente YaseNtshona Koloni Yezemali, Namathuba Oqoqosho, Nokhenketho (IWestern Cape Provincial Parliament's Standing Committee on Finance, Economic Opportunities and Tourism)
<b>SCOPA</b>	IKomiti Ehlala Ikho Yeeakhawunti ZikaRhulumente (IStanding Committee on Public Accounts)
<b>SOPI</b>	Isibonisi-kwenziwa Sesiphumezi-njongo Esinobulumko (Istrategic Objective Performance Indicator)
<b>UMthetho</b>	UMthetho WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, 1996 (IWestern Cape Gambling and Racing Act, 1996)
<b>TR</b>	Imigaqo YakuVimba-mali (IiTreasury Regulations)
<b>Type B LPM Site</b>	Iziza ezinoomatshini, iiLPM aba-6 ukuya kwabangama-20 (IiSites with 6-20 LPMs)
<b>Type C LPM Site</b>	Iziza ezinoomatshini iiLPM abangama-21 ukuya kuma-40 (IiSites with 21-to 40 LPMs)
<b>WC</b>	ENtshona Koloni (EWestern Cape)
<b>WCBD4</b>	UXwebhu LweBid Yesi-4 YaseNtshona Koloni (IWestern Cape Bid Document 4)
<b>WCDTPW</b>	ISebe LaseNtshona Koloni Lothutho Nemisebenzi Yoluntu (IWestern Cape Department of Transport and Public Works)
<b>WCED</b>	ISebe LeMfundo LaseNtshona Koloni (IWestern Cape Education Department)
<b>WCGRB</b>	IBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho (IWestern Cape Gambling and Racing Board)
<b>WCPT</b>	UVimba-mali WaseNtshona Koloni (IWestern Cape Provincial Treasury)
<b>WC</b>	IPhondo LaseNtshona Koloni (IProvince of the Western Cape)

### 3. IMBULAMBETHE enikwa NGUSIHLALO

#### Intshayelelo

Kuyandivuyisa kakhulu ukubeka phambi kwenu le Ngxelo YeBhodi Yongcakazo Nemidyarho YaseNtshona Koloni yonyaka-mali u-2019/20.

IBhodi le iliqumrhu (ientity) loluntu lasephondweni eli, elinguShedyuli 3C wePFMA. Ke igunyazisiwe ukuba ibekele imigaqo (ithi regulate) eli shishini longcakazo apha eNtshona Koloni. Eli shishini ke liye lakhula ngokubuganga (embrace) libusebenzise nobuxhakaxhaka obuhlalele ukutshintsha-tshintsha njalo, nokuhoya izinto ezithandwa ngabadlali-mahashe, ngokukuqonda ukungcakaza okuyingxaki nokunceda abantu abakuyo le ngxaki, nemfuneko yokuba iphinde ityale kuluntu erhweba phakathi kwalo, kwanayo nemfuneko yokuba lishishini elingummi olungileyo. IWCGRB ke, njengommiseli-migaqo (iregulator), kufuneka iziqonde, izigange kanjalo kwazona ezi zinto zikhoyo (iiphenomena), ukwenzela ukuba ikwazi ukulimisela imigaqo eli shishini ngokunempumelelo, ize iqinisekise ukuba ishishini eli liyazenza izibophelelo (iicommittments) zalo, nemiqathango yalo, ngokubhekiselele kumaphephamvume. IWCGRB ke iyakuqonda ukunqaba kwemali; ngoko ke izama ukuwafikelela amathagethi ayo nokufezekisa isigunyaziso sayo ingenzanga zindleko zinkulu konke-konke, kodwa ihlale isebenza ngokunemiphumela.



UMnu D Lakay

IBhodi ke yawafikelela amaninzi amathagethi ayo, afezekiseka ngokuzelelo alishumi elinambini, aze amane afezekiseka ngokungazalanga. Isizathu esiphambili solu fezekiseko lungaphelelanga yilaa Migaqo Yolawulo-ntlekele Yesizwe YeKhovidi 19, kwanokuphendula msinyane kweshishini eli, nokweWCGRB, kuvalo-gingci (kwilockdown). Kwathi kwakubhengezwa iMigaqo Yolawulo-ntlekele Yesizwe kunye novalo-gingci iWCGRB yayinqumamisa imisebenzi yophicotho-zincwadi eyayifuna ukuba kudityanwe nabantu, zaza neekhasino zazivala iindawo zazo zisenzela ukuba ziwenze onke amalungiselelo okuhlala phambi kokuba luqale uvalo-gingci. Le nto yaba neempembelelo ezithe ngqo ekwenziweni kwamathagethi athile ncakasana.

Imigungqo (iactivities) yeBhodi yaquka ukusetyenzwa kwezicelo zamaphephamvume ezingama-8335, isenza iimvavanyo (iassessments) ezili-1138 emasangweni (kwiipremises) abanini maphephamvume (iilicence-holders), yachophela iimbambano (iidisputes) ezili-11 kanjalo yanceda ngokuthe ngqo abadlali-mahashe ngezenzo zokuzincothula (iiself-exclusions) ezi-4. Into eqhelekileyo kukuba abadlali-mahashe baziyele ngqo kubanini-zimvume xa befuna izenzo zokuzincothula.

IBhodi yaqhubeka ukuthethana nabanini bamaphephamvume bayo kunye nabafumani-maqithiqithi (iibeneficiaries) bamalinge abo eCIS ahlukehlukeneyo. IBhodi inelunda kuba inika ingxelo yokuba iingxowa-mali ziyasetyenziswa ngokupheleleyo kusenzelwa ukuba kuncedeke amaqela oluntu (iicommunities) ahlukelelo, nokuba abanini bamaphephamvume baye bajongana nazo ezinye iimfuno zamaqela oluntu lwabo zalo nyaka siphonononga wona. IBhodi yasebenza kunye nezinto ezizimelelo (ientities) ezili-12, zincediswa ngamalinge eCSI angawamashishini aziikhasino nalawo anooMatshini Abahlawula Inxenye (iLimited Pay-out Machines, iiLPMs). Ishishini longcakazo laseNtshona Koloni lenza igalelo elingama-R27 992 238 kumalinge eCSI ahlukeneyo apha kwiPhondo LeNtshona Koloni.

IBhodi yaqhubeka ukunceda abo badlali-mahashe abazibonayo ukuba bangabangcakazi abasengxakini. Yayenza le nto ke iBhodi ngokuthethana nabadlali-mahashe aba-4 ukuba bazincothule (exclude themselves) kungcakazo olusemthethweni, bafune uncedo lwabaluleki abanemfundo-noqeqesho lwaloo nto. Kanti bona abanini bamaphephamvume baye bancedisa abadlali-mahashe abali-140 ukuba benze isenzo sokuzincothula.

Le nkqubo ke, (yokuzincothula ngeendlela ngeendlela), kwakunye nencwadi yesizwe yobhaliso lwabazincothuleyo, zizinto ekusalindeleke ukuba zide zenziwe zenzeke ngokwesizwe sonke (nationally). Kodwa akukabikho njalo. Le meko ke ngoku inyanzela iBhodi ukuba izenzele ezayo iinkqubo-manyathelo (iiprocedures) zexeshana langoku, isenzela iPhondo LaseNtshona Koloni. IBhodi iyaqhuba ukuthethana namagunya afaneleneyo malunga nokwenziwa ibekho, kwanokusetyenziswa kwayo, incwadi yobhaliso yesizwe isenzelwa ukubhalisa abo bathe bayenza inkqubo yokuzincothula.

#### Amalungu EBhodi

IBhodi inamalungu agunyazisiweyo (authorised) asixhenxe. Ngexesha lokubhalwa kwale ngxelo, amalungu eBhodi atyunjiweyo (appointed) akhoyo ebemathandathu.

Ngawo lo nyaka siwuphononongayo, amalungu eBhodi aye etyunjelwe ukuqalisa ncam ngomhla we-14 kwinyanga yoMnga (uDisemba) ka-2019. Ixesha lelinye lala malungu akhoyo ngoku eBhodi laliye longezwa ngonyaka, ulongezo olwaluza kuqalisa emva kokuphela kwexesha lakhe ngenyanga kaCanzibe (uMeyi) ka-2020. Emva kokuphela kwawo unyaka-mali,

# IS AHLULO A: ULWAZISO NGOKUBANZI

Iaphela ixesha lelinye lamalungu eBhodi abekho; elinye ilungu leBhodi lityunjwa kwakhona kwakuphela elalo ixesha; kwaza kwatunjwa elinye ilungu, elitsha. Yaza ke loo nto yenza ukuba kubekho la malungu amathandathu akhonzayo ngoku kule Bhodi ikhoyo ngoku, iWCGRB. Kwiphepha lama-50 ukuya kutsho kwelama-53, kongezwa iinkcukacha malunga nemimiselo yokuba lilungu lale Bhodi.

Esi sithuba sikhoyo ngoku kule Bhodi, sibangela ukuba inani elamkelekileyo (ikhworam) leBhodi libe semngciphekweni, xa kungaze kwenzeke ukuba amalungu angaphezu kwelinye angabi nako ukuya entlanganisweni yeBhodi le.

## IiNkqubo Zokwazisa iBhodi Ebantwini (IiBoard Awareness Programmes)

IBhodi le inobudlelwane obuhle kunye namapolisa iSAPS, neziko labangcakazi, iSARGF, nesebe lemfundo iWCED; kanti ibuqiniselele nobudlelwane obuliqela (iirelationships) kunye neeArhente Zezihambisi-Ndaba NezoLwenziso-Mthetho zikaRhulumente WaseNtshona Koloni (iiWestern Cape Government Media and Law Enforcement Agencies). Ngelishwa, igosa elingumdibanisi (icoordinating officer) wecandelwana leFLASH, elaliququzelele ubufela-ndawonye phakathi kweWCGRB neSAPS ladutyulwa lasweleka emzini walo. Oku kubuyiselwa umva kwafuna ukuba kungene abanye abanxulumanisi (iiliasons/liason officers) endaweni yalo, bavele kwaphaya emapoliseni, kwiSAPS.

Ngawo lo nyaka siwuphononongayo, iBhodi yazama ukufikelela kubantu abaninzi kangangoko kunokwenzeka, ngokuthatha inxaxheba kwayo kwiinkqubo (iiprogrammes) zePhulo Lokusondela Ebantwini LaseThusong, ngokusasaza koonomathotholo, ngokusondela ebantwini ngezihambisi-ndaba zoluntu (ngeesocial media coverage) nangamalinge okwabelana nabanye ngolwaziso kusetyenziswa amaphetshana neencwadana (ii-information sharing pamphlet drives) kusetyenziswana ke neSARGF.

Nazi izinto ezilungileyo (iibenefits) ezibe yimivuka kwezi ndlela zongenelelo: ukuqonda koluntu ngezi zinto, kwanokuphendula kwalo, ngendlela enolwakheko, ngokuthi lumane lucebisa iBhodi malunga nezenzo zongcakazo ezingekho mthweni oluzibhaqa ekuhlaleni phaya.

## Izenzo Zongcakazo Ezingekho Mthethweni

IWCGRB iyaqhuba ukuphanda (investigate) izenzo zongcakazo ezingekho mthethweni, ize incedise nasekutshutshisweni kwazo. Ngawo lo nyaka siwuphononongayo, iBhodi yaphanda izityholo ezingamashumi amathathu anesihlanu zongcakazo olungekho mthethweni. Kodwa ezilishumi elinanye zabonakalisa ukuba zimsulwa. Ezingamashumi amabini anesine zacaca ukuba zinjalo zona, yaza loo nto yakhokelela ekubeni kuthinjwe iimatshini zongcakazo ezingama-45, neekhompyutha ezingama-35, kubanjwe nabantu abali-16. Kwabakho ezinye izityholo ezisibhozo ezingazange ziphandwe ngenxa yokubekwa kwemivalo (iirestrictions) yeSizwe ngomhla weshumi elineshi-16 kweyoKwindla (uMatshi) ka-2020. Utshutshiso kunye nenkqubo yomthetho zisezandleni zamagunya afaneleneyo, apho ke iWCGRB iqhubekayo ukuzibandakanya, kodwa njengamangqina. Ngo-2015 uMbutho WeeKhasino WaseMzantsi Afrika (iCasino Association of South Africa) wangenisa ingxelo ethi ungcakazo olungekho mthethweni ludla uMzantsi Afrika izigidi ezilikhulu elineshumi zeerandi (izi-R110 000 000) ngeerhafu ezingabhatalwayo. IWCGRB ayazi nto ngeziphumo zemali ezibangelwa lungcakazo olungekho mthethweni kuMzantsi Afrika.

ISebe Lothobelo Lwemigaqo (iRegulatory Compliance Department) liye lasebenzisa amacandelwana ahlukileyo amapolisa. Ubufela-ndawonye (iipartnerships) kunye nala mapolisa buye bakheka, baza baneziphumo ezikhulu kunye nosebenzo-kunye olungenakwahlulwa (iisnergies).

## Izilungiso Zomthetho (iLegislative Amendments)

Akuzange kubekho lutshintsho lwamithetho kulo nyaka siwuphononongayo; imigaqo yona efanelene neembatalo-mali (iifees) yalungiswa, lwaqala ulungiso lwayo ukusebenza ngowoku-1 kuTshaziimpuzi (uEpreli) ka-2019.

IWCGRB yangenisa imihlomlo (iicomments) yayo kuMthetho-sihlomelo We-19 noWama-20, yaye ngoku ilulinde ngolangazelelo ufezekiso lolu lungiso. Ezinye iingcaciso malunga nomthetho zixeliwe kwiphepha le-13 ukuya kwele-15.

## Imingeni

Imingeni enayo iBhodi ibangelwa zizinto eziyixakekisa (its constraints). Eminye yayo nantsi: Ubukho bezithuba kwiBhodi, nto leyo ibangela ukuba iBhodi ingakwazi kakuhle ukuba nazo iintlanganiso ezimiselwe ixesha. Loo nto ke ngoku ibangele ukuba ingakwazi le Bhodi ukufezekisa isigunyaziso sayo (imandate yayo), ichaphazele nabanini maphepha- mvume ngenxa yokumiswa kweziganeko ebezimiselwe amaxesha.

Iingxaki (iiconstraints) ezibangelwe yiKhovidi 19, ziye zayixinanisa nje kakhulu iWCGRB kwimigunqo (kwiiactivities) yayo, kanti nakwingeniso, nakumalungiselelo ezemali nawokwenzeka kwezinto. Ukuchaphazeleka okuzelelo ngulo bhuhani kuya kuqondakala kakuhle ngokubona ukuba ishishini eli liphendula njani kumanqwanqwa ngamanqwanqwa ovalo-gingci, limvulele njani uwonke-wonke ngokuhambisana neMigaqo Yesizwe Yovalo-gingci.

## Indawo Eneefisi

Isivumelwano sokuqesha indawo senzela ukuba zesiqale ngomhla woku-1 kwinyanga yeNkanga (uNovemba) ka-2018, sisenziwa yiDTPW yaza iWCGRB yangena kwiiifisi ezintsha ngomhla wama-24 kuTshaziimpuzi (uEpreli) ka-2019. Ifenitshala kunye nezinto ezingamaseko zafunyanwa zagqitywa, zaye ezi zinto ziyahambiselana nemigaqo yeKhowidi 19. IWCGRB ke yanele yile ndawo ikuyo, kude kuyo kuphela ixesha lesivumelwano sokuyiqesha. Lona liphela ngeyeDwarha (uOkthobha) ku-2023. IWCGRB sele ithethile neWCTP malunga nokufumana enye indawo emva kweyeDwarha ku- 2023.

## Uxhobiso Lwabantu Abamnyama Kwezoqoqosho (iB-BBEE)

IBhodi iyaqhuba ukuthetha neshishini eli malunga neendlela elizifizekisa ngazo iimfuno zeB-BBEE, ikwaphosa neliso kumathagethi amiselweyo amacandelo ahlukeneyo eshishini eli. IiKomiti zeBhodi le zihlala zithetha nabo abanini maphepha-mvume malunga nezabo izifizekiso (iachievements) zemiqathango yeB-BBEE. Ezi Komiti ke ziye zifumane iingxelo kwaba banini-zimvume, zize zizigoca-goce ezi ngxelo. Le nto ziyenza ngokubamemela ezintlanganisweni abanini maphepha-mvume, apho kuza kubuzwa imibuzo kubo baze bona banike iimpendulo malunga nezi ngxelo. IBhodi ke inovuyo lokunika ingqinisekiso yokuba uninzi lwabo ababani-zimvume beekhasino neeLPM luyazifizekisa okanye lude lugqithise kuzo iimfuno zolu xhobiso. Kuthi ke xa kukho abaneengxaki ekuwafizekiseni amathagethi abo, kubekho uhlaziyo lwezicwangciso zokufizekisa amathagethi ezimiselweyo. IWCGRB iyaqhuba ukuthethana necandelo labenzi-zincwadi (i-book maker sector) ukuqinisekisa ukuba nabo baya kwenza ngokwezi ziphumezi-njongo zeB-BBEE.

## Iinjongo-nkulu (iigoals) Zexesha Eselisondela (ZeMedium Term)

IWCGRB ayikaze ibe nawo amathuba ewanika abantu okungcakaza afanayo nakwamanye amaphondo. Ke isahlola iindlela zokuzisa iiLPMs Zodidi B neZodidi C, kunye nebhingo kweli shishini lalapha eNtshona Koloni.

IBhodi iceliwe ukuba ikhe yenze olunye uphando malunga nokuba ikwazi ukuzimela ngokwezimali, ingasoloko iqamele ngoRhulumente WaseNtshona Koloni ngenkxaso yemali. Ukuyenza ke le nto iWCGRB ikhe yathethana neWCTP yanika ulwazi malunga nokukwazi kwayo ukuzimela-ngokwayo (i-self-sufficiency) ngokwezimali. Kujongeke ukuba uMthetho-sihlomelo Wolungiso We-19 uya kuncedisa kulo mcimbi. Futhi ke iWCGRB inawo umhlomlo eyawungenisayo kwesi sihlomelo; yaye izeza kuphinde iwuphonde lo mba wokuzimela-ngokwayo ngokwezimali wakuba lo mcimbi woMthetho-sihlomelo Wolungiso We-19 ude wagitywa, neziphumo zawo zisaziwa.

Ngaphezu koko, ukuqiniseka imizamo yokuphungulwa kongcakazo oluinyingxaki, iBhodi iya kuthi emva kovalo-gingci iphinde ithethane neshishini eli kunye nabasemagunyeni malunga namakhasi okudlala. Ikwaceba ukuba nendiibano yokufundisa (i-seminar) kunye neengcali eziphambili zamazwe ngamazwe kwesi sifundo.

## Ezinye Ngokubanzi

Ukwenjenje ke ndazisa uncedo lwaba bantu balandelayo, ndikwavakalisa umbulelo ongazenzisiyo ovela kwiBhodi, ngoncedo lwabo:

- UMphathiswa WezeMali, Nezophuhliso Loqoqosho Nezokhenketho, uMnu D Maynier, ngokwalatha indlela kwakhe nenkxaso yakhe ngexesha lakhe lobuphathiswa.
- AmaLungu kaSCFEOT kunye nePublic Accounts Committee ngokusigada nokusalathisa indlela.
- AmaGosa KaVimba-mali WePhondo ngoncedo lwabo olukhulu.
- Oogxa bam amalungu eBhodi kwanamalungu eKomiti YoPhicotho-zincwadi ngenkxaso yabo nangendlela enoqeqesho-msebenzini (i-professionalism) abaye basebenza ngayo nathi.
- Abasebenzi bale Bhodi ngokuyenza ngokukhuthelayo imisebenzi yabo, abathe bebonke baba negalelo elikhulu kwimpumelelo ethe yafunyanwa yiBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho.

Ndazisa ndonwabile ukuba iBhodi isifizekile isigunyaziso sayo (i-mandate yayo), yabe ngeli lixa linye ikwazile ukuyonga nje kakhulu imali ebivunyelwe yona ngokohlalo-lwabiwo-mali lwayo.

IBhodi ibiya kusebenza ngokuphelelisileyo gqibe ukuba izithuba ezikhoyo kuyo bezinokuhoywa ngokungxamisekileyo, njengoko zikuchaphazela ukubekelwa ixesha kweentlangano, nto leyo ikulibazisayo ukwenziwa kwezigqibo.



UMnu. Mr D Lakay

USihlalo WeBhodi

IBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho

30 KweyeDwarha Ngo-2020

## 4. UGQABA-GQABA OWENZIWE LIGOSA ELIYINTLOKO YESIGQEBA (ICEO)

Kungovuyo ukuba ndithi thaca ugqaba-gqaba omalunga nezenzo zemali (ifinancial performance) zeBhodi Yongcakazo Nemidyarho YaseNtshona Koloni zonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2020.

Uhlahlo-lwabiwo-mali (ibhajethi) lwengeniso olwaluvunyiwe lweWCGRB lwaluyi-R77 158 231, eyayenziwe zezi mali zilandelayo: ingeniso eyeyethu eyi-R38 266 231 kunye neegranti zikarhulumente wephondo eziyi-R37 092 000, kunye nochatha oyi-R1 800 000 owayengowokulungisa indawo yokuhlala entsha yeWCGRB. Igranti yephondo yongezwa ngesixa esiyi-R571 142, kusenzelwa ukuba iWCGRB ikwazi ukubuyisela iirhafu ezaziye zahlawulwa zafakwa kwingxowa-mali yengeniso ngempazamo, ngenxa yokungasebenzi kakuhle kweematshini zomnye umnini phepha-mvume. Yaza ke loo nto yasinika uhlahlo-mali (ibhajethi) elungelelanisweyo eyi-R77 729 373.

Ilahleko eyathi ngcembe ukwenzeka, yentlawulelo yelungelo elilodwa lasemthethweni (elostatutory), ukususela ngo-2008 ukuya ku-2015 kunye neyentlawulelo esemthweni yosetyenziso looMatshini Abahlawula Inxenye (iiLimited Pay-out Machines, iiLPMs) ngo-2016 yabangela ukuba iWCGRB iphelelwe liwonga layo lokuzimela-ngokwayo (leself-sufficiency); ke ngoku iBhodi le inyanzelekile ukuba yayame kwizipho-mali (kwiigranti) zorhulumente wephondo ukuze ibe nemali yokwenza izinto. Njengoko iWCGRB ingakuxhotyiselwanga ukuba ibe nokuzifunela ezinye iindlela zengeniso ngaphandle kweentlawulelo ezisemthethweni iya kuhlala ixhomekeke kwiigranti zorhulumente wephondo kude kwenziwe izilungiso zomthetho. UMthetho Sihlomo Wolungiso We-19 unenjongo yokulungisa le nto. IWCGRB iiongeka njengearhente yoqokelelo-mali zikarhulumente waseNtshona Koloni, kuba iqokelela, ize iqinisekise, iirhafu zoNgcakazo LwaseNtshona Koloni ngophicotho-zimali. Ngalo nyaka uphononongwayo, iWCGRB iqokelele ama-R693 462 277 ezigidi kwiirhafu nemirhumelo-zinto.

Ingeniso yokwenyani yadlula kwingeniso eyayivunywe ngokolahlo-lwabiwo-mali, ngesi-R1 976 605. Icaciswe ngakumbi ke kwiphepha lama-93 ukuya kwelama-94 kule ngxelo.

IWCGRB yayivunyelwe kuhlahlo-lwabiwo-mali ukusebenzisa ama-R77 158 231 ezigidi kulo nyaka uphononongwayo apha, mali leyo eyayiyentengo yezinto ezinkulu ezizi-R7 140 490 neyeendleko zokusebenza kwemihla ngemihla kweshishini izizi-R70 017 741.

Apha enyakeni kwaye kwenziwa uhlehlengiso, ukuze kongezwe enye imali kule yayivunywe ngohlahlo-lwabiwo-mali. Kaloku ama-R451 000 emali eyayabelwe intengo yezinto ezinkulu yayiyeyeentlawulelo zamaphepha-mvume yaza yafuduselwa kwiindleko zokusebenza nobuyiselo lweerhafu ezazibhatalelwe yingxowa-mali yengeniso, nto leyo ke ekwafuneka ukuba mayiqondwe (ibe recognized). Le nto ke yakhokelela kwibhajethi ehlehlengisiweyo ezizi-R77 729 373, ekukho kuyo eyentengo yezinto ezinkulu ezizi-R6 689 490 neyeendleko zokusebenza kwemihla ngemihla (iOpex) ezizi-R71 039 883.

Eyona mali eyasetyenziselwa intengo yezinto ezinkulu (iCapex) yaba zizi-R6 595 506, eyeendleko zokusebenza kwemihla ngemihla (iOpex) yaba zizi-R60 311 947. Loo nto yenza ukuba kongeke imali yenkcitho ezizi-R12 798 524.

Izizathu eziphambili ezakhokelela koku konga nazi:

- Iinzame ezinkulu zokunciphisa iindleko ngokunciphisa iihambo eziya kwiinkomfa ezikwamanye amazwe, nokubeka kwiihambo ngophapho apha ngapahakathi ekhaya kunye nokukhwelisana ezimotweni xa kuhanjelwa uphicotho-zimali;
- Izithuba ezingazange zivalwe kwiBhodi nakubasebenzi zaba negalelo elisisi-R1 810 242 koku konga;
- Iintlawulelo zemcimbi efuna umthetho azinakubekeleka mali bucala ngendlela echanekileyo, ngenxa yokuba kungekho ukuba kungaqinisekwa ngemali enokufuneka ukuba kuhlawulwe iindleko zeenkundla.
- Imali eyayabelwe uqeqesho kulo nyaka uphononongwayo zange isebenziseke yonke, njengoko iWCGRB yayiyi yenza uphicotho lwezakhono yaza yongeza iinkcukacha ezintsha kwincwadi yobhaliso (irejista) lwendyabo engabantu (Iwehuman capital asset) ukuze kuqondiswe iimfuno zoqoqosho. Isiphumo soko kuphicothwa kweemfuno zoqoqosho siya kubonakaliswa kakuhle kunyaka omtsha; kanjalo
- Phaya kwigranti karhulumente wephondo kwakukho nesixa esizizi-R6 455 000 sokuhlawula iiNtlawulelo zoMsebenzisi WooMatshini Abahlawula Inxenye (iiLPMs).



UMnu. P Abrahams

Njengoko esi sixa saye sikho kwakunyaka ongaphambili, loo nkcitho yayenzeke kuloo nyaka-mali wangaphambili, yaza intlawulelo yazo yenziwa ngalo nyaka uphonongwayo ngoku. Kanye njengakwinkqubo eyiaccrual system, iindleko zokunyanzelekanga ukuba zenzeke ngaxeshanye nokuhlawulelwa kwenkcitho; ke yathetha ukuba loo nto iindleko zokubuyisela loo mali zaqondwa zavunywa kulo nyaka ungaphambili, kodwa azaqondwa zivunywe njengenkitho kulo nyaka uphonongwayo

Ezinye iingcaciso neenkcazelo zinikiwe kwiphepha lama-93 ukuya kwelama-94 kule ngxelo.

Inkcitho yonyaka nonyaka kwiOpex ibonisa ukwanda okungange-8.4%; into enegalelo elikhulu koku kwanda kwenkcitho ibe ziiNdleko Zengqesho (iCost of Employment; iCOE) ngokwandisa kwayo unyuko-maxabiso (i-inflation)

Iintlawulelo zophicotho-zimali zibonakalisa ukunyuka konyaka emva komnye, okuyi-28.6%, iintlawulelo zamaphepha-mvume zeekhompyutha zibonakalisa ukunyuka okuyi-20%; iindleko zengqesho yeendawo ezinotional zibonakalisa ukunyuka okuyi-46%; luze lona ke uniko-lwaziso malunga nokungcakaza okunenkathalo lubonakalise ukunyuka okuli-1381%, nakuba kukokwenqanaba elilelona lisezantsi. Ezi zinto zicaciswe ngakumbi kwiphepha lama-91 ukuya kwelama-92 kule ngxelo. Iintlobo zenkcitho eyenzelwa ukusebenza kwemihla ngemihla zisoloko zinjalo; kuzo apho iindleko zokuqesha abantu (icost of employment, iCOE) zezona ndleko zinkulu zeWCGRB. Ukwanda kwentengo yezinto ezinkulu okuli-112,60% kwabangelwa kukulungiswa kwenziwe ngokutsha indawo yokuhlalala entsha yeWCGRB, kuqinisekiswa ukubakho kwendawo-ndalo (kwe-environment) ekhuselekileyo nekunokusetyenzelwa kuyo ngabasebenzi bayo iBhodi le.

Ukuthengwa kwefenitshala kubalwa njengeendleko ezingaqingqeleki xesha (ezi-irregular). Kuchaziwe kwinqaku lama-39 phaya kwiinkcazo-ngxelo (iistatements) ngezemali.

IWCGRB, iyaziqonda ukuba ayinangcali yokuvavanya umgangatho (evaluate) wefenitshala eyilwe ngumnini; ke emva kokuba iDTPW itshilo ukuba ayizu kuphumelela ukuncedisa ekufumaneni le fenitshala, iBhodi yagqiba lwelokuba yenze ukhupho-zimemo zabayili fenitshala ezimbalwa yaza imvume yokwenzelwa, iziselwe ifenitshala leyo yayinika abayili bale fenitshala ikhoyo, ekukwangaba abayila umgangatho lo. Aba yayikwangaba baboneleli ababetyunjwe yiDTPW ukuba bayizisele ifenitshala eyayiyimfuneko kuyo. IWCGRB, ngokwinkqubo emisiweyo yamazisa uVimba-mali waseNtshona Koloni noMphicothi-zincwadi Jikelele WaseMzantsi Afrika ngoku kuthi cebu emgceni (ideviation). Ingcaciso ethe kratya inikiwe kwiphepha le-145 ukuya kwele-146 kule ngxelo. IWCGRB ayinazo iiprojekthi ezingaqitywanga ezazibhajethelwe u-2019/20, ngoko ayizu kucela uqengqelo-ngaphesheya lweemali. IWCGRB zange ibe nazo iziphakamiso zokukhuphela abaniki-zinkonzo izimemo; ngoko ke akukho nto yakuyixela ngale into. Ayikho nemisebenzi eye yayekwa phakathi kungekho nazicwangciso zokuba kuyekwe phakathi nawuphi na umsebenzi weWCGRB. Isakhiwo esimcaba (esinqwanqwa linye) seWCGRB asiniki mhlaba ungakanani wokunyuselwa kwabasebenzi; ngoku ke iWCGRB isebenziseka njengelitye lokunyathela umntu adlulele kwiindawo ezingentla kwezinye iimpangelo. Ngenxa yoko, njengokuba kukho umsantsa omkhulu nje kwimirholo yabasebenzi baseNtshona Koloni, xa kuthelekiswa nemirholo yeebhodi zongcakazo zamanye amaphondo, abasebenzi bathi nje ukuba bazuze uqeqesho olufanelekileyo, bathi kratya ukukwazi ukusebenza kakuhle, uvele loo msebenzi anqwenele ukuyishiya iWCGRB ayo kufuna umsebenzi onamathuba abhetele. Le nto izala ukuba ubungcali bumke kwiWCGRB. Imivalo ekhoyo ebangela ukuba iWCGRB ingakwazi ukunika amathuba ongcakazo eNtshona Koloni afana nalawo anikwa ziiBhodi ezinjengayo kwamanye amaphondo, nto leyo ibiya kuvula ithuba lokongezeka kwengeniso yeWCGRB neyephondo, iyayityhafisa iWCGRB, iyenze ibe bhetyebhetye nendawo yayo phakathi koluntu longcakazo, indawo yayo yokuba liqumrhu elizimeleyo elifezekisa igunya lalo eligunyazisiweyo. Ibangela ukuba ishishini eli licele ukubonana ngokuthe gqo norhulumente waseNtshona Koloni kwanayo neWCPT iyo kuxoxa ngemicimbi ebifanele ukuphelela kuyo iWCGRB.

IWCGRB inenkqubo yayo yeSCM ephelileyo enalo lonke ulwazi olufunekayo, yaye imigaqo-nkqubo yayo sele yavunywa yaze yavavanywa. IWCGRB izama kangangoko ukuba iqinisekise ukuba izinto ezenzayo zayo zihamba ngokwemigaqo-nkqubo kunye neempawu zeSCM. Luyakhuthazwa uqeqesho kwanokuhamba kumaqonga afanelekileyo; negosa leSCM lahlala lizifumanisa ulwazi malunga neemeko ezitshintshayo.

Iziphumo zophicotho ezazikukuhlaba amadlala koMphicothi-zincwadi Jikelele WaseMzantsi Afrika ezalandela uphicotho-zincwadi lonyaka-mali ka-2018/19 zalungiswa kwaza kwasetyenzwa ngazo, zaza ke zangqinelwa ngexesha lophicotho lwangaphandle luka-2019/20.

IWCGRB iyaqhubeka ukukhangela iindlela zokuthomalalisa imingeni yezemali enokuyilungisa ngokunika amathuba okungcakaza afanayo nalawo anikwa ngamaGunya Oniko-zimvume ePhondo (iiPLAs) akwamanye amaphondo. Le nto ifanele ukuba ibe neziphumo ezikukwanda okuvakalayo kwengeniso yayo iBhodi le kanti nakwiimali zephondo.

IWCGRB ithembele kuVimba-mali WePhondo LaseNtshona Koloni, ukuba enze iziphakamiso zezilungiso zomthetho eziya kuvumela inguqu kwindlela yokufumana kwayo ingeniso, ize loo nto iyenze iBhodi ibe nokuzimela -ngokwayo ngakwezemali. Ukuze yenzeke le nto, kuye kwapapashwa uMthetho-Sihlomelo Wolungiso-mthetho we-19. Ulungele ukuba kuhlomlwe kuwo. Le nkqubo ke isezandleni zoVimba-mali WaseNtshona Koloni (iWCPT).

# IS AHLULO A: ULWAZISO NGOKUBANZI

Isiganeko esikhulu sasemva komhla wokwenza ingxelo saba ngulo bhuhani weKhovidi-19 kunye novalo-gingci, iinto ezo eziye zaba neziphumo ezenza ubuthathaka kwiWCGRB nakwishishini eli iliququzelelayo. Ezo ziphumo kunye namanyathelo athathwayo zichazwe ngakumbi kwiindawo ezizayo zale ngxelo.

IWCGRB izithembile ukuba isemi kakuhle ngokoqoqosho futhi ifuna ukuba izincedisi-mali zayo zibe namandla ziqiniswe ukuze ingazu kuxhomekeka kwizibonelelo zikarhulumente waseNtshona Koloni. Urhulumente waseNtshona Koloni yena uyaqhubeka ukuyixhasa iWCGRB ngowezemali de ibe inkqubo yayo yokulungisa isicwangciso seentlawulelo iyasetyenziswa ngokuzeleyo, kuba, loo nto iya kuqinisekiswa ukumiseka kakuhle kweWCGRB

IBhodi yawafezekisa ngokuzeleyo amathagethi ayo ali-19 kwangama-24 ayevunyiwe, yaza amahlanu yawafezekisa ngokuyinxenye. IBhodi kanjalo yafezekisa zade zasixhenxe iZibonisi-kwenziwa (iiPerformance Indicators) ezifizekisa iZiphumezi-njongo Zocwangciso Olunobulumko (iiStrategic Objectives); saba sinye esingafezekiswanga. La mathagethi axelwe ngokuzeleyo kwiphepha lama-35 ukuya kwelama-45.

Isizathu esipahambili soku kufezekisa okungaphelelanga saba lolwaa valo-gingci lweKhovidi-19 njengoko amaziko ongcakazo ayevalwe kwangaphambili ukuqinisekisa ukuba uvalo-gingci lungabafikeli bengazilungisanga zonke izinto ekwakufanele ukuba zilungiswe.

IBhodi inombulelo, yaye ilivuma ngokuphandle igalelo lomntu nendawo nganye kwezi zilandelayo: uMphathiswa uMnu D Maynier, ngokukhokela nokhuthazo lwakhe, ibulela nakwiStanding Committee on Finance Economic Opportunities and Tourism nakwiPublic Accounts Committee, ngokusigada kwabo kunye neengcebiso zokuqaqambisa iimpumelelo zeBhodi kunye nezinto zayo ezingamaseko, aMalungu eBhodi ngokugada kwawo, nokwalatha indlela kunye nokukhokela kwawo ekuqinisekiseni ukuba iBhodi iyakwazi ukufezekisa isigunyaziso sayo, iKomiti YoPhicotho ngokugada kwayo neengcebiso, nangokuqinisekisa ukwenzeka korhulumento olululo kunye neendlela zoniko-zimpendulo ezenzeke ngeendlela ezifanelekileyo zethekhnoloji, amaGosa akuVimba-mali WePhondo LaseNtshona Koloni ngegalelo lawo nokwalatha indlela kwawo, kunye nabasebenzi beBhodi ngokusebenza kwabo ngokuzinikela negalelo labo ukwenza ukuba u-2019/20 abe ngunyaka onempumelelo.



**UMnu. P Abrahams**  
**IGosa Eliyintloko Yesigqeba (ICEO)**  
**IBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho**  
**30 KweyeDwarha (KuOkthobha) Ngo-2020**

## 5. UKUXELA OTHWELE UXANDUVA NOKUQINISEKISA UKUBA LE YINGXELO YONYAKA-MALI ECHANEKILEYO

Kangangokuba sisazi, futhi sikholelwa, siqinisekisa ezi zinto zilandelayo:

Lonke ulwaziso kunye nezixa zemali ezidiziweyo kule ngxelo yonyaka ziyahambelana neenkcazo-ngxelo zemali zonyaka ezaphicothwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Le ngxelo yonyaka iphelele, ichanekile, ayinazo ke nezinto ezishiyeleleyo. Le ngxelo yonyaka ilungiswe ngokwezalathandlela ezicacisa ukubhalwa kwengxelo yonyaka, ezakhutshwa nguVimba-mali Wesizwe. IiNkcazo-ngxelo Zemali Zonyaka (Isahlulo E) zilungiswe ngokokuhambisana nemigangatho yeGRAP ebhekise kwiBhodi le.

IGunya Elinika Iimpendulo (iAccounting Authority) ngumsebenzi walo ukulungisa iingxelo-mali zonyaka, kwanezigqibo zokulunga okanye ukungalungi ezenziweyo kolu lwaziso. IGunya Elinika Iimpendulo likwanomsebenzi wokuba liseke, lize lisebenzise, indlela-ndlela (isystem) yolawulo lwangaphakathi ekufikelelwe ngayo kwingqiniseko ebambekayo (ireasonable assurance) ngobunyaniso (i-integrity) nokuthembeka (ireliability) kolwaziso olumalunga nokwenziwa kwemisebenzi, nolumalunga nezincedisikwenza ezingabantu, o.kt. abasebenzi, nolukwiingxelo-mali zonyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle bayacelwa ukuba banike uluvo oluzimeleyo malunga neengxelo-mali zonyaka.

Ngokoluvo lwethu, le ngxelo yonyaka izibonakalisa kakuhle noko (fairly) ezi zinto: iindlela zokusebenza, ulwaziso ngokwenziwa kwemisebenzi, ulwaziso malunga nabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yeBhodi yonyaka-mali ophele ngowama-31 kweyoKwindla (uMatshi) ngo-2020



**Mnu P Abrahams**  
IGosa Eliyintloko Yesigqeba (ICEO)  
iBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho  
30 KweyeDwarha (KuOkthobha) Ngo-2020



**UMnu. D Lakay**  
USihlalo WeBhodi  
iBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho  
30 KweyeDwarha (kuOkthobha) Ngo-2020

## 6. UGQABA-GQABA NGESICWANGCISO ESINOBU LUMKO

### 6.1 Umbono

Umbono weBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho ngowokuba 'ibe ligunya elimisel'imigaqo ungcakazo nemidyarho eliphambili eAfrika'.

### 6.2 Into Esizimisele Ukuyenza (iMission)

Injongo (ipurpose) ephambili yeBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho kukulawula nokubekela imigaqo ungcakazo nemidyarho apha kwiPhondo leNtshona Koloni, ngendlela eya kuthi:

- ibonelele ngendawo yosetyenziso-migaqo ezinzileyo, enobulungisa, engatshintsha-tshintshiyo, nevelisa imiphumela;
- idale ebantwini ukuqiniseka nokuba nethemba, kwindawo ebangqongileyo engenabuhophololo, apho kungenziwa zenzo zongcakazo nezemidyarho ezingekho mthethweni; ize kanjalo
- ibe negalelo kuqoqosho lweNtshona Koloni ngendlela ekhathalayo kukuchaphazeleka kwabantu.

### 6.3 Amasiko Okuziphatha (iValues)

Ekwenzeni kwabo imisebenzi yabo abayenza bonke, iBhodi izijonga ezi zinto zilandelayo njengezinto ezinelona xabiso liphezulu:

#### Ubunyaniso (i-integrity)

- Uphawu oluhle lokungayithandi into embi (lokuba nee-ethics) nolokuba nemigangatho ephezulu yoqeqesho-msebenzini (yeprofessionalism), nokungazityesheli ezi zinto.

#### Ukunyanekeka

- Uphawu oluhle, imo yangaphakathi (icondition), okanye isimo (icharacteristic) sokuba ngokulunga (ukuba fair), nokuba nenyano, nokuba nesimo esingqalileyo sokuziphatha, nokungajikajiki kwiinyano (kwiifacts) ezizizo

#### Ukungajijwa isimo (ukuba incorruptible)}

- Ukungabi nako ukonakaliswa ngokwesimo, ngakumbi ukunganyobeki nokungaqhutywa ziinjongo ezicingela wena wedwa, eziphantsi ke ngoko.

#### Ukuba ngaphandle, ungafihli nto

- Umgqaliselo othi iBhodi iya kuwenza umsebenzi wayo ngendlela efikelekayo, ecacileyo, nebonakalayo, nokwathi izenzo zayo zivumelekile ukuba zingahlolwa ngabanini-mabango bayo ( its stakeholders).

#### Uxanduva

- Ukuba negunya lokwenza izigqibo, nokuzenza okunene ezo zigqibo njengoko kulindelekileyo, nokuthatha amanyathelo afunekayo ke.

#### Ukunika limpendulo (iAccountability)

- Umgqaliselo othi iBhodi le inesinyanzeleko (iobligation) sokuba idandalazise (ithi demonstrate) izenzo zayo, nezigqibo zayo, nemigaqo-nkqubo yayo, ithathe uxanduva lwazo, nothi futhi imele ukuphendula kulo uluntu ngokubanzi.

#### Ukuphuhlisa Indyebo Yayo Engabantu

- Ukunyusela-ngentla nokunceda abasebenzi beBhodi ukuba bafumane izakhono ezitsha, nolwazi olutsha, neembono ezintsha, ngokubabonelela ngeendlela nezinto zokufunda nezokuqeqeshwa, kwakunye namathuba okuzisebenzisa kuwo ezo mbono zintsha

#### Ukuhloniphana

- Ukunyusela-ngentla intlalo yokuhloniphana ngokuphatha wonke umntu ngesidima nokuxabiseka okulinganayo.

## 7. IZIGUNYAZISO ZOMTHETHO NEZINYE

Le mithetho yawiswayo ilandelayo, iyeyesizwe neyephondo, iyangena ize yenziwe kwiindlela ekwenziwa ngazo izinto (kwiioperations) zeBhodi:

### **Umthetho Wemiqathango Esisiseko Yengqesho, 1997 (Umthetho 75 ka-1997) ngokokulungiswa kwawo**

Lo Mthetho ucacisa imiqathango esisiseko yengqesho kwiindawo zemisebenzi eMzantsi Afrika; ke ubhekisa ngqo kubasebenzi beBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho.

### **UMthetho Woxhobiso LwabaMnyama Kwezoqoqosho Ngokubanzi, 2003 (UMthetho 53 ka-2003) kunye Nemigaqo-Yokuziphatha (iiCodes) njengoko ulungisiweyo**

Lo Mthetho usisikhokelo-ngcinga-kwenza (iframework) sasemthethweni esenzelwe ukunyusela-ngentla uxhobiso lwabantu abamnyama kwezoqoqosho; unika uMphathiswa Worhwebo Namashishini igunya lokuba akhuphe imigaqo-yokuziphatha (iicodes) ebonisa izenzo ezincomekayo (igood practice), ayilungiselele ke nemicimbi enxulumene nalo migaqo-yokuziphatha. Indlela yeBhodi yokwenza ukuba mazifezekiswe iziphumezi-njongo (iobjectives) zomthetho nezemigaqo-nkqubo ezijongene nolu xhobiso lweB-BBEE, kukubeka imiqathango afunyanwa aze asetyenziswe phantsi kwayo amaphepha-mvume okushishina. Kanjalo iBhodi iyayithobela imimiselo ebophelelayo kuyo iBhodi njengequmrhu loluntu (njengepublic entity).

### **UMthetho Wolawulo Lweentlekele, 2002 (UMthetho 57 ka-2002) ngokokulungiswa kwawo, kunye Nemigaqo**

Lo Mthetho useka isikhokelo-ngcinga-kwenza sasemthethweni sokwakha umgaqo-nkqubo ondawo zawo zihlangeneyo zayondelelana zokulawula iintlekele. Loo mgaqo-nkqubo kufuneka ugxininise kwiindlela zokuyithintela okanye ziyiphungule ingozi yokwehla kweentlekele, nezokuyithisa amandla xa ithe yehla, nezokuhlala kulungelwe iintlekele ezingehlayo, nezokusabela msinyane nangendlela enomphumela xa zihlileyo iintlekele, nezoncedo lwasemva kwentlekele. Lo Mthetho uvula ithuba lokusekwa kwamaziko olawulo ntlekele esizwe, nawamaphondo, nawoomasipala anemigaqo-nkqubo egxininise kulwakiwo-kwakhona nasekusebenzeni kwala maziko. Lo Mthetho ukwalawula ukuba makubekho ulungelwaniso lwemisebenzi yeQonga Lesizwe Elicebisayo Ekulawulweni Kweentlekele (iNational Disaster Management Advisory Forum ngendlela eya kuvumelana neQonga Lesizwe LaseMzantsi Afrika Lokuphungulwa Kwemingcipheko Yeentlekele (iSouth African National Platform for Disaster Risk Reduction). Kukho iMigaqo ngemigaqo epapashwe ngo-2020 lo eyenzelwe ukuba ijongane nokusasazeka kwevayirasi eyiKhorona, ikuthintele, ikuphelise nokukuphelisa oko kusasazeka kukaKhowidi-19. Kwakhutshwa iZalathandlela ezahluka-hlukeneyo, neMigaqo ekwanjalo phantsi kwawo lo Mthetho Wolawulo Lweentlekele kusenzelwa ukuhambisa ngemigaqo ukuziphatha, nokuwisela imivalo abantu ngabanye ngabanye, nabaqeshi kwanamashishini, ukuze kulawulwe, kuthintelwe umngcipheko wokuba sesichengeni, nowokuhambiseka kwevayirasi yeKhorona.

### **Umthetho Wolungelelaniso Engqeshweni, 1998 (UMthetho Wama-55 ka-1998) ngokokulungiswa kwawo**

Lo Mthetho unika isikhokelo-ngcinga-kwenza sasemthethweni sokuphelisa ucalu-calulo olungenakulunga kwiindawo zempangelo, nokumisela iinkqubo neenkubo-manyathelo zokusetyenziswa yiBhodi ukuze yenze kubekho umkhosi wabasebenzi ezibonakalayo kuwo iindidi-didi zabantu baseNtshona Koloni.

### **UMthetho Weziko Lobungcali Kwezemali, 2001 (UMthetho Wama-38 ka-2001), ngokokulungiswa kwawo ("UMthetho-Mali, iFIC")**

Lo Mthetho-Mali waseka iBhunga Lokucebisa Leziko Lobungcali Kwezemali Nakuhliso-mali Ngomlenze, lisekelwa ukulwa uhliso-mali ngomlenze nokuxhaswa ngeemali kwezenzo zobugrogisi nezinye eziyelele apho. IBhodi le, xa kulandelwa lo Mthetho, iliqumrhu elibeke iliso kanti nabanini bamaphepha-mvume bayo ngamaziko anika ingxelo neempendulo. Lo Mthetho-Mali ubeka emagxeni eBhodi iidyuti eziliqela ezingokomthetho, nemisebenzi ekwanjalo, kwanamandla akwangokwasemthethweni, ekwenzeni kwayo umsebenzi wokugada nokubeka iliso kwishishini longcakazo.

### **UMthetho Wesikhokelo-ngcinga-kwenza Sobudlelwane Bamanqwanqwa Oorhulumente, 2005 (UMthetho 13 ka-2005)**

Lo Mthetho useka isikhokeli-ngcinga-kwenza sala manqwanqwa alandelayo karhulumente weli: urhulumente wesizwe, oorhulumente bamaphondo, noorhulumente basekuhlaleni, ukuze kunyuselwe-ngentla (promote), kuze kuphenjwe-kukhwezelwe (facilitate) iindlela zobudlelwane phakathi kwabo aba rhulumente; ukwenza kubekho iimo-zokwenzeka (iimechanisms) neenkqubo-mayathelo (iprocedures) eziya kwenza-kwenzeka upheliso lweembambano phakathi kwaba rhulumente; nokwenza izibonelelo zemcimbi enxulumene nezo zinto.

### **UMthetho Wobudlelwane Babasebenzi, 1995 (UMthetho 66 ka-1995) ngokokulungiswa kwawo (iLRA, ngesiNgesi)**

UMthetho Wobudlelwane Babasebenzi uyondelelanisa iBhodi, uyinike nezalathandlela, njengomqeshi, ukuze kuphumelele amalungelo, nemisebenzi emayenziwe, nezakhiwo ezazakhiwe ngokwemimsele yalaa Mthetho, kuthi ke ngokwenjalo kuqinisekiswa intlalontle (iharmony) yabasenezi kunye nokweziwa kwendawo yokusebenza ibe nedemokhrasi.

# ISAHLULO A: ULWAZISO NGOKUBANZI

## **UMthetho Wongcakazo Wesizwe, 2004 (UMthetho 7 ka-2004) kunye Nemigaqo**

Lo Mthetho ucacisa izinto ezinokwenziwa ziiBhodi zongcakazo zesizwe nezamaphondo, malunga nobekelo-migaqo nolawulo longcakazo nemidyarho eMzantsi Afrika. Lo Mthetho, ndawonye noMthetho waseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, ka-1996 kunye neMigaqo yonke eyawiswa phantsi kwawo, zenza isigunyaziso esingokomthetho seBhodi njengoMbekeli-migaqo. Lo Mthetho ukwalungiselela ukuba kubekho iimpawu-zokulungileyo (iinorms) nemigangatho ngokubhekiselele kungcakazo nemidyarho kwiRiphabliki le yonke.

## **UMthetho Wempilo Nokhuseleko Emsebenzini, 1993 (UMthetho 85 Ka-993) ngokokulungiswa kwawo**

Lo Mthetho ulungiselela impilo nokhuseleko lwabantu emsebenzini, nempilo nokhuseleko lwabantu ngokunxulumene nokusetyenziswa kweplanti noomatshini; ukhuselkoo lwanatu ngakwimicingpheko emalunga nempilo nokhuseleko, ezivela endaweni yempangelo okanye ngokunxulumene naloo ndawo yempangelo; nokulungiselela imicimbi enxulumene nezozinto.

## **UMthetho Wesikhokelo-ngcinga-kwenza Somgaqo-nkqubo Wokhetho-Baniki-zinkonzo, 2000 (UMthetho 5 Ka-2000) kunye Nemigaqo**

Lo Mthetho usisikhokelo-ngcinga-kwenza ekufuneka ukuba ngaso iBhodi iphumelelise umyalelo woMgaqo-siseko wokuba makusetyenziswe umgaqo-nkqubo wofumano-zinkonzo onokukhetha kwanenkqubo (isystem) ekwanjalo, zithi zombini zibe nokulunga, nolungelelwaniso, nokugafihli-nto kunye nokugada iindleko.

## **UMthetho Wokunyusela Ngentla Ufikelelo Kulwaziso, 2000 (UMthetho 2 Ka-2000) (iPAIA, ngesiNgesi)**

Lo Mthetho umisela isenzeko esingokomthetho ekusetyenziswa sona ukuze kujonga-jongwe izicelo ezibhaliweyo (iapplications) okanye izicelo (iirequests) zokufumana ukufikelela kulwaziso (kwi-information); futhi ufezekisa ilungelo elinikwa ngumgaqo-siseko lofikelelo kulwaziso. Uyangena kuzo zombini ezi zinto: amashishini abucala azizinto-ezizimeleyo okanye amaqumrhu abucala, kunye namaqumrhu angawoluntu lukawonke-wonke.

## **UMthetho Wokunyusela Ngentla Ubulungisa-mthethweni Bolawulo, 2000 (UMthetho 3 Ka-2000) (iPAJA, ngesiNgesi)**

Lo Mthetho wawiswa kuba kwakulandelwa icandelo lama-33 loMgaqo-siseko WeRiphabliki YaseMzantsi Afrika, ukwenzela ukuphumelelisa ilungelo lokuthathelwa inyathelo lolawulo elisemthethweni, elinembadla (elireasonable), nelenziwe ngenkqubo-manyathelo enokulunga; kunye nelungelo lokucela izizathu ezibhaliweyo zaloo manyathelo olawulo aye athathwa. Njengequmrhu loluntu, iBhodi inyanzelekile ukuba iphumelelise imigqaliselo yenyathelo lolawulo elilandele inkqubo-manyathelo enokulunga, njengokuba kumiselwe ngulo Mthetho.

## **UMthetho Wokhuselo Lweenkukacha Zomntu, 2013 (UMthetho 4 Ka-2013) (iPOPI) ngokokulungiswa kwawo**

Nazi iziphumezi-njongo zalo Mthetho, phakathi kwezinye, ukunyusela ngentla ukukhuselwa kweenkukacha ezimalunga nomntu buqu ezisetyenzwa ngamaqumrhu angawoluntu nangawabucala; ukungenisa imiqathango ethile eza kuthi makubekho nokuba zibalwa iimpawu ezinyanzeliswa zokusetyenzwa, kwakunye nokwenza kubekho uMmiseli Migaqo Wophatho-zinkukacha oya kuba namagunya athile, enze needyuthi kunye nemisebenzi ethile efunekayo ngokwemimiselo yalo Mthetho. Izibonelelo ezithile zalo Mthetho zenzeka ngomhla we-11 kuTshaziimpuzi (uEpreli) ka-2014. La macandelo, elesi-2 ukuya kwelama-38; elama-55 ukuya kwelama-109; ele-111; nele-114(1), (2) kunye nesi-(3) aya kuqala ngowoku-01 kweyeKhala (uJulayi) ka-2020 aze la amacandelo, lel-110 nele-114(4) aqalise ngowama-30 kweyeSilimela (uJuni) ka-2021. Isiphumo sale nto kukuba kufuneka onke amaqumrhu abe sele ewuthobela lo Mthetho uPOPI xa kubetha umhla woku-1 kweyeKhala (uJulayi) ka-2021.

## **UMthetho Wokuphatha limali ZikaRhulumente, 1999 (UMthetho 1 Ka-1999) (iPFMA) ngokokulungiswa kwawo**

IBhodi le iyiNto Ezimeleyo Yoluntu YePhondo EnguShedyuli 3C; ke ibotshiwe zizimiso zolawulo lweemali nebhajethi zalo Mthetho. Isiphumezi-njongo esiphambili sePFMA kukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, nenkcitho, nezinto eziyinzuzo {{(iassets)}}, nezingamatyala zamaziko karhulumente, kwanamasebe akhe ziphathwa zilawulwe ngobuchule {efficiently, kakuhle}} nagendlela enesiqhamo {{effectively}}; nokunika abantu abaphathiswe ulawulo lwezemali kwarhulumente izinto ezingumthwalo wabo; nokwenza kubekho izibonelelo zemcimbi enxulumene nezi zinto.

## **UMthetho Wophuhliso Lwezakhono, 1998 (UMthetho 97 Ka-1998)**

Lo Mthetho unika isikhokeli-ngcinga-kwenza samaziko sokuba avelise aze asebenzise amacebo anobulumko esizwe, nawamacandelo-mashishini, nawasezindaweni zomsebenzi, awokukhulisa nokuphucula izakhono zomkhosi wokusebenza waseMzantsi Afrika; nokuba ahlanganise-kuhle {integrate} loo macebo anobulumko kunye neSikhokeli-ngcinga-kwenza Soqinisekiso-mfundo Sesizwe {iNational Imfundo Framework} ezalwa nguMthetho WeGunya Loqinisekiso-mfundo LaseMzantsi Afrika, 1995; ukulungiselela amalinge oqeqeshelo-msebenzi (iilearnerships) aya kubakhokelela ekufumaneni iziqinisekiso-mfundo zeempangelo ncam; ukulungiselela ukubakho kwemali yophuhliso lwezakhono ngenkqubo

yemirhumo, neemali-zipho (iigranti) kunye neNgxowa-mali Yezakhono YeSizwe (iNational Skills Fund); ukubonelela nokumisel'imagao iinkonzo zengqesho; nokulungiselela ke imicimbi enxulumene nezi zinto.

#### **UMthetho Wemirhumo Yophuhliso Lwezakhono, 1999 (UMthetho 9 Ka-1999)**

Lo Mthetho ulungiselela ukubizwa komrhumo wophuhliso lwezakhono; kunye nemicimbi enxulumene nalo nto.

#### **UMgaqo-siseko WeRiphabliki YoMzantsi Afrika, (UMthetho 108 Ka-1996)**

Lo ngowona mthetho mkhulu kakhulu weli lizwe lethu; ke phakathi kwezinye izinto, usibekela inkqubo (isystem) yorhulumente waseMzantsi Afrika, indima nemithwalo (iresponsibilities) yezigaba ezahlukeneyo zikarhulumente, amalungelo asisiseko oluntu abo onke abemi, kanjalo idala iqela lamaziko oMgaqo-siseko.


#### **UMthetho WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, 1996 (UMthetho 4 Ka-1996) ngokokulungiswa kwawo kunye Nemigaqo**

Lo ngumthetho ophambili olawula imisebenzi namagunya eBhodi omiselo-migaqo. Icacisa, phakathi kwezinye izinto, ukusekwa kweBhodi kunye neendlela zayo zokusebenza kwayo, nohlobo lwamaphepha-mvume exhotyiselwe ukuba iwaqwalasele {qwalasele = consider} iBhodi, kwakunye nemithombo yeBhodi yokufumana iimali. Ukwabonelela ngendlela yokubiza iirhafu neentlawulelo ezingokomthetho emazihlawulwe ngabanini maphepha-mvume, kwakunye neemali-zohlwayo zolawulo zokungathobeli.


## 8. ISAKHIWO SELI QUMRHU

Ngokwngomhla wama-30 KweyeDwarha (KuOkthobha) Ngo-2020


**IBhodi**




Umn. D Lakay  
(USihlalo)




Umn. CA Bassuday  
(Ilungu LeBhodi)




UNks. L Nyati (Ilungu LeBhodi)




UNks. C Fani  
(Ilungu LeBhodi)




Umn. R Nicholls  
(Ilungu LeBhodi)



Umn. T Arendse  
(Ilungu LeBhodi)




Isithuba Esingamntu  
(Ilungu LeBhodi)




Umn. P Abrahams  
(UCEO)


**Abaphathi Abaphezulu**




UNks. S Sixubane (UMphathi: KwaHR)




UNks.s Y Skepu  
(UMphathi: IINKonzo Zemithetho)




UNks. Z Siwa  
(INTloko Yesebe: IADF/CF)



Umn. R Bennett  
(INTloko Yesebe: Uthobelo Lwemigaqo)



UNks. M Basson  
(INTloko Yesebe: Yoniko maphepha-mvume)



Umn. A Matthews  
(INTloko Yesebe: I-ICT)

# ISAHLULO B



ULWAZISO NGOKWENZIWA  
KOMSEBENZI

## 1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IZIPHUMEZI-NJONGO EZIQINGQWE KWANGAPHAMBILI

UMphicothi-Zincwadi Jikelele WoMzantsi Afrika wenza iinkqubo-manyathelo zophicotho ezifunekayo ezenza kulwaziso malunga nolwenziwo lwemisebenzi (iperformance) ukuze anike ingqinisekiso enembadla noko {e reasonable assurance} ngokuthi enze isiqukumbelo sophicotho. Isiqukumbelo sophicotho esenziwe kulwenziwo lwemisebenzi kuthelakiswa neziphumezi-njongo eziqingqwe kwangaphambili sifakwa kwingxelo eya kubaphathi, apho kuyo iziphumo zixelwa phantsi kwesihloko esithi: Iziphumezi-njongo Eziqingqwe Kwangaphambili, esikwiNgxelo emalunga nezinye iimfuneko zomthetho nezemigaqo, ezilicandelo lale Ngxelo YoMphicothi.

Khhangela kwiphepha lama-83 lale Ngxelo malunga neNgxelo YoMphicothi, epapashwe njengeSahlulo E: Ulwaziso Ngezemali.

## 2. UHLALUTYO LOBUME BEMEKO (ISITUATIONAL ANALYSIS)

### 2.1 INDAWO-NDALO YOKUZISWA KWEENKONZO EBANTWINI

#### 2.1.1 UKUGADA KWEBHODI

IBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho (IWCGRB) iliqumrhu elingokomthetho, eliqingqwe ngokwemimisello yoMthetho WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho. Mabini amanqwanqwa okugada imicimbi yeBhodi le. Kwinqwanqwa lesizwe, iBhodi Yongcakazo Yesizwe (INGB) ihlola ubunjani bokugada, ize kwinqwanqwa lephondo iBhodi inike ingxelo kuVimba-mali WePhondo nakuMphathiswa wePhondo LaseNtshona Koloni Wemali Namathuba Ezoqoqosho. IiKomiti Zokugada ZePalamente YePhondo zezi: IKomiti Ehlala Ikho Yezemali, nezamathuba Oqoqosho nezokhenketho; kunye neKomiti Yee-akhawunti Zoluntu.

IBhodi le iliqumrhu (ientity) loluntu lasephondweni eli, elinguShedyuli 3C wePFMA, yaye inale ndawo yayo iyodwa yokuba isingethwe nguVimba-mali Wephondo LaseNtshona Koloni njengomzali/njengesebe ekhathalelwe lilo. Izimiseli-migaqo zongcakazo kula amanye asibhozo amaphondo zinika iingxelo kwiSebe Lophuhliso Lwezoqoqosho, libe lona isigunyaziso esiphambili salo sikukuqhubela phambili ukuphuhlisa kwezoqoqosho kusenzelwa ukulungelwa koluntu lonke ngokubanzi, nto leyo ibangela ukuba lidale ke amathuba oqoqosho.

Kusengaba kho ubuntlantu-mbini (idichotomy) phakathi kommandla woxanduva lweBhodi kunye nalowo ungokaVimba-mali Wephondo LaseNtshona Koloni, apho ummandla woqwalaselo kaVimba lo ungumgaqo-nkqubo woqokelelo lwengeniso nolweemali zephondo. Uxanduva oluthwelwe yiBhodi lunomphumela wangaphandle; loo mphumela kukuqwalasela ukwenzeka kwezilungiso kwezoqoqosho ngendlela ekhathalele abantu, nokukhuselwa koluntu lonke, lo gama igcine nolweshishini ukhuseleko. Ukuthethana okuba phakathi kweBhodi nesebe eliyigadileyo kufuneka ke ngoko kube yinto ephathwa ngobunono, isalathandlela sayo sibe kukuzimela kweBhodi eya kunikwa ngumthetho.

#### 2.1.2 ABANINI-MABANGO (IISTAKEHOLDERS)

IBhodi, njengento ezimeleyo yoluntu karhulumente, inabanini-mabango abavela kwiinkalo ngeenkalo. Phakathi kwabo kukho urhulumente WePhondo LaseNtshona Koloni; uMphathiswa Wezemali Namathuba Ezoqoqosho NezokhenkethoVimba-mali WePhondo LaseNtshona Koloni, uMkhosi Wabasebenzi BeBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho, Izinto Ezizimeleyo Ezinamaphepha-mvume Zongcakazo Nokubheja, abantu baseNtshona Koloni, aBaboneleli-ngezinto bakhona, INdawo-ndalo yakhona, kunye neZihambisi-ndaba zakhona.

IBhodi Yesizwe Yongcakazo ixilonga ubunjani bokongamela kwaMagunya Oniko-Zimvume ePhondo (iiPLAs) okunxulumene nemicimbi yobeko-migaqo ecaciswe kwiCandelo 33, xa lifundwa necandelo lama-34 loMthetho Wesizwe Wongcakazo. Malunga nolwabelwano-ngolwaziso, iBhodi kufuneka ingenise ulwaziso olubhekisa kwiintobo ezahlukeneyo zamaphepha-mvume ekuthethwe ngawo kwiCandelo lama-35 loMthetho Wesizwe Wongcakazo, ilungenisa kwiBhodi Yesizwe Yongcakazo.

Umgaqo-nkqubo weBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho omalunga nabanini-mabango nguwo onika isikhokelo seendlela-ndlela nezenzeko zokuxhasa uthethwano olwakhayo kunye nabanini-mabango ayo. Abanini maphepha-mvume bayo iBhodi banikwa ithuba lokuhamba baye kwiintlanganiso zeeKomiti kunye neentlanganiso zesikhawu zeBhodi, ngamanye amaxesha, ukuze bayo kuzithethela phambi kwayo iBhodi ngemicimbi yelo candelo longcakazo. Uwonkewonke jikelele wamkelekile ukuba angene kwiintlanganiso ezivulekileyo zeBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho, futhi babuze imibuzo abanayo okanye batsho izinto ezibaxhalabisayo, kwezi ntlanganiso.

Abanye abanini-mabango bayo ibhodi ngaba: IBhodi Yongcakazo Yesizwe, iBhodi Zongcakazo ZamaPhondo, uVimba-mali Wesizwe (iNational Treasury), uVimba-mali Wephondo LaseNtshona Koloni, iSebe lakwaNkulu-Baphathiswa, iSebe Lezothutho Nemisebenzi Yoluntu, iSebe Lezorhwebo Namashishini Nokhuphiswano, kwakunye neearhente zokwenzisa umthetho, ezifana neeNkozo Zamapolisa ZaseMantsi Afrika (iSAPS), ukuze ziqubisane nongcakazo olungekho mthethweni eNtshona Koloni.

IBhodi ikwasebenza kakhulu neMzantsi Afrikan Responsible Gambling Foundation kwizinto zoqeqesho olwenziwa yiFoundation le, ize isebenzisane nayo neBhodi YeFoundation le kwimicimbi yeBhodi yeenkqubo zokwenza abantu baqonde, kunye nolwaziso lwezenkcukacha-manani anxulumene neenkqubo zokuzincothula.

### 2.1.3 IMEKO YEZOQOQOSHO

Imeko le yezoqoqosho lisebenza phantsi kwayo ishishini eli ngoku, ayahlukanga kuleyo uMzantsi Afrika wonke uzifumana ukuyo. Irandi yongcakazo ngoku ikhuphisana ngokumandla nangakumbi nemali yokusetyenziselwa iimfuno ezisisiseko njengoko sibonisiwe kwinkcazo-nzulu (itheory) kaMaslow yeemfuno ezisisiseko. Iziphumo zovalelo-ginci lweKhovidi-19 zilukrwitshe nangaphezulu uqoqosho, zayenjenjalo nentlalo yabantu nokuchatshazelwa kwayo yimeko yoqoqosho. Lo bhubhani weKhovidi-19 kunye nolwaa valelo-gingci awalubangelayo, nayo yonke imigaqo ngemigaqo yalo, zonke zaba nomhumela ongemhle konke kuqoqosho nakwintlalo yabantu ngokubanzi; ke zilichaphazele ngokukodwa icandelo-shishini eli longcakazo olungabalulekanga; liye labetheka laphinda lakhula ngexesha lovalelo-gingci. Ungcakazo oluphezu komhlaba (olungekho kwi-intanethi) luye lwantlithwa kanobom luvalelo-gingci, lo gama ukubheja kwi-intanethi kuye kwanda kona. Ukuqhubeka kobekelo-mivalo kwiindawo zolonwabo, kwezokuthengiswa kotywala kwakunye nothintelo zenzo zasebusuku ziye zayinciphisa imigungqo enxulumene noqoqosho lwamaziko azimeleyo oshishino ngongcakazo lwaphezu komhlaba; loo nto ke ibangele ukuncipha kwemfuno yezincedisikwenza (iresources) ezinjengabasebenzi, izixhobo zokusebenza eziziintsimbi (ihardware), iinkonzo ebezifunwa ngaphandle kunye nezinto ezisebenziseka ziphele, phakathi kwezinye izinto. Le nto ke iye yakhokelela ekubeni kunciphe umthombo wengeniso, nto leyo iye yabangela udendo, ukusetyenziswa kancinci kwemali, nokwehla kotyalo-mali ngamashishini kwizinto zentlalo yabantu. Iqonga Lezoqoqosho Lelizwe linembono ethi, xa iguqulelwe esiXhoseni, 'ngokwasekushishinini, iinkampani ngokunanzi azinakho ukuphumelela xa ziphakathi koluntu olungasebenzi kakuhle.' Eneneni uluntu luya kuthatha ixesha ukubuyela ekusebenzeni kakuhle, ngenxa yezi meko: ukuncanywa kwemfundo okulindeleke ukuba kwande ngenxa yophazamiseko kwezemfundo nokuncipha kwemali kubazali, ukunyuka kwezinga lentswela-ngqesho kubantuabatsha nokwanda kwentswela-ngqesho. Noko ke nemigunqo yamashishini yezoqoqosho iya kuthatha ixesha ukusondela kwimo yesiqhelo.

Kuye kwacaca kuqokelelo zirhafu lwakutsha nje nakwiinkcukacha-manani zengeniso, ukuba amacandelo-shishini eekhasino nemidyarho yamahashe athe, phezu kwezinga lokukhula ebeselihleli lihleli, ahlaselwa, ngamanye amaxesha, nakukungabikho kwazinga lakukhula, kanti nakukuphelelwa. Eli shishini ke lihlalele ukukhangela amaqashelo amatsha (ooqashi-qashi abatsha) okubheja, okanye okwandisa ingeniso yongcakazo. Le nto ke ibeka umthwalo kummiseli-migaqo ukuba aqinisekise ukuba la maqashelo (aba qashi-qashi) asemthethweni nokuba ukhuselo olufanelekileyo lukawonke-wonke lukhona.

Kubekho ke nale ngxaki kaESKOM ingapheliyo yokwenza ucimi-cimi wombane. Yona ke iye iphazamisane nokwenzeka kwezinto ezenziwayo kwiikhasino, okanye idale ukongezeka kweendleko ezinkulu ngakumbi, ezokufuna umbane ngezinye iindlela ngala maxesha. Loo nto ke yongeza ukubulaleka phezu kweli shishini, esele kakade lafikelwa zillaheko ezingathethekiyo kwezoqoqosho negnxa kabhubhani weKhovidi-19 kunye kunye noValelo-gingci Lwesizwe.

### 2.1.4 UXHOBISO OLUBANZI LWABANTU ABAMNYAMA KWEZOQOQOSHO

IBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho, njengequmrhu (iidentity) elizimeleyo likarhulumente, kufuneka yenze isebenze imigqaliselo yoxhobiso iB-BBEE kweli shishini ingummiseli-migaqo walo. Iyayenza ke iBhodi le nto, iyenza ngokubeka imiqathango yamaphepha-mvume. IWCGRB yamisela amanqwanqwa eethagethi zokufikelelwa licandelo-shishini ngalinye kula alpha kweli shishini longcakazo. Le miqathango iyaphononongwa unyaka nonyaka, kuze kumiselwe eyahlukileyo kangangoko kubonakala kufuneka, futhi kunako ukwenzeka, injongo ikukwandisa uxhobiso, inguqu nokuphakanyiswa kwabantu ekujongwe ukuba bazuze kuzo ezi ziphumezi-njongo zikarhulumente zenguqu.

IiKomiti zeBhodi zamacandelo-mashishini, ezisebenza njengeeKomiti zophononongo nezocobiso kuyo iBhodi, zibeka iliso kule miqathango ibekiweyo nakwiingxelo zeenyanga-ntathu zohlalutyo ezivela kubanini zimvume ezixela ngenqanaba lokwenzeka (istatus) kwanangezicwangciso zokufezekiswa, nokuqhubekekiswa, nokuphuculwa kwala manqwanqwa eethagethi amiselweyo. Abanini zimvume abangakhutshwanga ekwenzeni Imigaqo-kuziphatha YeB-BBEE, kufuneka behloluwe umgangatho qho ngonyaka yiarhente enesiqinisekiso sokuhlololela uthobelo lweB-BBEE, baze basingenise isiqinisekiso solo hlolo-mgangatho kwiBhodi.

## 2.1.5 UKWANDA KWESHISHINI LONGCAKAZO

IBhodi yenza uphando olumalunga nokwandiswa kweshishini longcakazo lwenziwe nangezinye iimo zongcakazo ezingekasebenzi eNtshona Koloni okwangoku. Ezi mo ziquka ukuziswa koDidi luka-B noluka-C lweZiza Zomatshini Abahlawula Inxenye (iiLPM Sites), iihambo zamazwe ngamazwe, nemidlalwana yeBingo. IBhodi yakhe yalwenza uphando malunga nochapazelo bantu noqoqosho isenzela ukubona umphumela weemo ezikhoyo ngoku zongcakazo kumakhaya, kumsaqela oluntu asingqongileyo nakubangcakazi. Olo phando lwadlulela ekukhangeleni ukuba kungaba kuyanqweneleka kusini na ukuxandiswa kweshishini eli. Njengenxalenye yokuvavanya ukuba nokwenzeka (viability) koxandiso lweemo zongcakazo, iBhodi iya kwenza inkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu ngokubanzi; ingapheleli apho ke, ivavanye nemakethe ukuze ifumane izmvo zayo malunga nokuba nomdla kwayo.

Kukho ukungaqiniseki malunga nokususwa kwekhasino esendaweni ethe qelele iziswe esizikithini sesixeko, kwanomphumela okusenokuba nawo oko kususwa kwishishini longcakazo lwePhondo eli. Okwakaloku nje iBhodi ayinandima ienzayo kwinkqubo yofuduselo-ndaweni yimbi ngaphandle nje kokunika imihlomlo kwezo zenzo zolungiso-mthetho olucetywayo, esele ke phofu zapapashwayo kwacelwa ukuba uluntu luhomle.

Uphando oluyalelwe nguVimba-mali wePhondo lokukhangelana indlela yokumisela imigaqo iihambo zokonwaba zamazwe ngamazwe. Olo phando lukukujongisa imibandela yezomthetho, neyokwenzeka ncam, neyezoqoqosho neyorhafiso, kusetyenziswa uhlalutyo oluthelekisayo lwamaziko-lulawulo (iijurisdictions) ahlukeneyo alapho iihambo zokonwaba zamazwe ngamazwe zisenzeka khona. Olu phando ke sele lukufutshane ukugqitywa.

Indlela yezabelo xa sele iphelele yeli shishini ePhondweni laseNtshona Koloni iyaqhubeka ukuba yeyohlobo oluqhutywa ngokwezivumelwano ezityikitywayo; kukho ke abambalwa abathathi-nxaxheba abaphambili abanomdla kuwo onke amacandelo-mashishini alo eli shishini longcakazo. Le nto ke ibethelela ulawulo olufunjethwe ezandleni zabambalwa kunye nokusetyenziswa kwemigaqo-nkqubo ngokufanayo kuwo onke amacandelo-mashishini eli shishini longcakazo, endaweni yeendlela-kwenza (iimethodologies) ezisebenzisa ulawulo ngokweengingqi. Ukuxandiswa kweli shishini kuya kudala intsusa yoxhobiseko lwabadlali beemakethe abatsha, kunike nomhlaba wokwenzela (iscope) omtsha wokwenzeka koxhobiso olunobubanzi.

## 2.1.6 IZINTO EZENZEKILEYO KWELI SHISHINI

Kwakukho ubuzo-mibuzo malunga nomdyarho wamahobe nesityholo sokuba kukho ababhejayo kuwo. Kwesi sithuba ulwaziso oluye lwaqokelelwa lusibonisa ukuba imali ephathelele kulo mgungqo (kule activity) ihambelana nemali yamabhaso aya kubanini bamahobe awinileyo. Isaphandwa ke le nto. IBhodi yayiyi yawavumela amaqashelo (ooqashi-qashi) abenzi-zincwadi awavumela ukuba kunikwe uwonkewonke ithuba lokubheja kwimidlalwana yasezikhasino. Oku kuvunyelwa kwenziwa emva kokucinga okukhulu ngezinto ngezinto; ke nangona kwabangela ukuba iBhodi libizwe igama layo kwisimangalo sasenkundleni soMbutho WeeKhasino WaseMzantsi Afrika (iCasino Association of Mzantsi Afrika, iCASA), iBhodi yayiqonde ngokwanelisayo ukuba oko kuvunyelwa kwakusemthethweni kakuhle. ICASA yaphinde yayliyeka elo tyala, lona ke lithathwa njengelagqitywayo. Ukunikezelwa kwamaqashelo (ooqashi-qashi) amatsha kwaba nako ukuvulela iindidi ezininzana zamathuba okubheja awaye enako ukunikwa ngabenzi-zincwadi, njengoko kwakukho ukuhla okuthe gqolo kumanani emidyarho yamashe.

Umdyarho-mahashe, njengomdlalo, iye yaba lishishini elisokolayo; ke iBhodi yaqaphela ukuhla okuthe xaxe kwiiirhafu zokubheja kulo nyaka uphelileyo. Ukuwuhlaziya amandla lo mdlalo womdyarho-mahashe kuyafuneka, ukuze wenziwe ube nombizane ngaphezulu kwisizukulwana esisesitsha, nto leyo ingabancedisayo abaququzeleli-mdyarho ukuba babe nokuwuphucula umbangatho weli shishini.

## 2.1.7 UNIKO-LWAZI LWEBHODI NONGCAKAZO OLUNENKATHALO

Ngokwembulambethe yoMthetho, kuyaqondwa uba amathuba ongakazo nemidyarho anayo imingcipheko ethile neengozi ezithile ababeka kuzo abemi bePhondo laseNtshona Koloni. Loo nto ke iyakuthethelela ukumiselwa kwemivalo efanelekileyo neentambo zolawulo ezifanelekileyo. Kubalulekile ke ngoko ukuba iBhodi ilufundise uluntu malunga neengozi zongcakazo ibayalele nabanini bamaphepha-mvume ukuba benze kubekho imigaqo yongcakazo enenkathalo.

IBhodi yenza kwabakho iphulo (icampaign) lezihambisi-ndaba ezingoonomathotholo elithetha ngongcakazo olunenkathalo ngonyanga-ntathu wokugqibela wonyaka-mali u-2018/19. Ummongo wolu niko-lwazi wawulumkisa uluntu ngeengozi ezinxulumene nothabatheko lunggakazo kwaza kwanikwa neenkucukacha zoqhakamshelwano ukwenzela abantu abafuna ukuncedwa kungcakazo oluyingxaki. Imiphumela yelo phulo yaphuphumela nakulo nyaka uphononongwayo ngoku, ngokuthi kumane kuthunyelwa abantu kuwiBhodi nangokumana ukuza kuyo kwabantu abafuna uncedo lokuzincothula. Isenzeko sokuzincothula siqala ngokuthi umntu enze isicelo sokuba makagxothwe kuzo zonke zonke iintlobo zolu lusemthethweni ungcakazo. Iinkcukacha zobuqu zakhe lowo ukhutshiweyo ke ziyajikeleziswa ziye kubo bonke abanini bamaphepha-mvume, ke bona kufuneka baqinisekise ukuba umntu

okhutshiweyo akalwenzi ungcakazo kwiindawo ezizezabo, nokuba kungabikho ntengiso inxulumene nongcakazo ithunyelwa emntwini okhutshiweyo. Umntu obekhe wakhutshwa ngaphambili angenza isicelo sokuphinde kususwe kuye kuzincothula ukuba nje uye wabonisa ukuba uye wakufumana ukunyangwa okufunekayo, walufumana noluleko olufunekayo, ngokunxulumene nengxaki yothabatheko lungcakazo.

Ukwenziwa kwenkqubo eneziphumo yesizwe yoncothulo lungcakazweni kuyalibaziseka kuba ayide isebenze iMigaqo YeSizwe emiselwe ukuba yenze lo msebenzi. Umphathiswa Weorhwebo, Namashishini, Nokhuphiswa (oweDTIC) kufuneka afake kwigazethi, iphepha-ndaba lakwrumlamente, umhla eya kuqalisa ngawo ukusebenza le migaqo. IBhodi yaququzelela uthethwano kunye neDTIC kwaneBhodi Yongcakazo Yesizwe ukuze kuxoxwe, phakathi kwezinye izinto, malunga nokulungela ukuba kuqaliswe ukusetyenziswa le Migaqo. IBhodi ayiyekanga ukuhlala ithethana nazo ezi zinto-ezizimeleyo zikhankanyiweyo apha izama ukuba makukhawuleziswe kujongwe lo mcimbi wencwadi yobhaliso lwabazincothuleyo, kukhawuleziswe kwanogunyaziso lwaseMthethweni olunyanzelisa ukwenziwa kwale nto.

Phakathi ku-2019, iOfisi yeBhodi yeva ukuba kukho ukwanda kongcakazo olungekho mthethweni kulaa mmandla waseAtlantis. Laa ndawo ke ilikhaya lemizi yokubheja embalwa enamaphepha-mvume. Ngoko ke, iBhodi yathethana namagosa esiPolisa asekuhlaleni kwaxoxwa ngokuthi makwenziwe ucweyo (iworkshop) lolwaziso. Olo cweyo lwabakho ngeyeNkanga (uNovemba) ku-2019 emva kwenye futhi intlanganiso kunye nabameli boluntu lwasekuhlaleni.

Kumzamo wayo wokuxhasa oosomashishini basekuhlaeni balaa ndawo, kwafakwa isibhengezo kwizihambisi-ndaba kuuxelelwa abahlali ngolu cweyo lokwaziso. Isibhengezo eso safakwa kwiphephandaba loluntu lasekuhlaleni. Amaphecephecana (lipamphlets) okuwasasaza ngolo suku ayenziwe ngokusebenzisana nomhlali waphaya oneshishini lokushicilela alenzela ekhayeni lakhe phaya eAtlantis.

Olu cweyo lwabakho ngomhla wama-22 kweyeNkanga (uNovemba) ka-2019 kwithala lencwadi laseAtlantis. Babeliqela abantu abezayo emini. Amagosa eBhodi nawo ayehamba-hamba phakathi koluntu ehambisa la maphecephecana olwaziso kuluntu olwalungayanga lona kucweyo olo. Ingxoxo eyabakho kunye noluntu lwakhona yathetha ngezi zihloko zilandelayo:

- Yintoni ungcakazo olungekho mthethweni?
- Iingozi zongcakazo oluyingxaki ukuba alugadwanga.
- Imigangatho yeendawo zongcakazo nokubheja ezinamaphepha-mvume.
- Izinyanzeleko (iobligations) zomthetho nezemigaqo zabanini bamaphepha-mvume

Isiphumo saba sihle. Futhi kwabakho iqela lezicelo lokuba kwenziwe amacweyo alandelayo kwezinye ezi iindawo ukuze abanye ababntu basemakhaya nabazizihlobo bakwazi nabo ukuba namathuba okuya. IBhodi izimisele ukuququzelela amanye amaphulo athe xaxe ngobukhulu okuqondisa nokwazisa malunga nongcakazo olunenkathalo. La malinge ke aya kuba ziintobo ngeentlobo; ezinye zazo, umzekelo, iya kuba zezi zinto: ukuthethana namaqela oluntu, amaphulo ezihambisi-ndaba (imedia) kwakunye nokuhambela izikolo, apho ukho imfuneko. IBhodi yana nocweyo malunga nezenzo zokugqwesa ekulweni uungcakazo olungenankathalo, kunye noonjingalwazi ababini ababetyelele abenza uphando olubanzi ekunyangweni kwabangcakazi abanengxaki nasekulungiseni amanyathelo ongcakazo olunenkathalo. Isihloko esasizalana nongcakazo olunenkathalo, ekwakuxoxwa ngaso, sasiquka iimpawu ezizizichasi ezisenokuvuka xa kusenziwa izinto, ngokuxhomekeke kwinkcubeko yamaqela oluntu, kunye neenkolelo zobuqu zomngcakazi ngamnye. Ezi zinto zingaba negalelo ekubeni abangcakazi bazisebenzise okanye angazisebenzisi iindlela zokuziqhelisa ungcakazo olunenkathalo. Yiyo nallo nto ziya kuchaphazela ukuphumelela kwamanyathelo ongcakazo olunenkathalo aye enziwa ngabamiseli-migaqo. IBhodi iceba ukuba nenkomfa yokucacisa iimfundiso kunye nezakhi zongcakazo olunenkathalo neyokwenza kubekho incoko phakathi kwabanini bamaphepha-mvume, nabamiseli-migaqo, neemfundimani zonyango kunye nabanye abangabanini-mabango.

IQumrhu LoMzantsi Afrika Longcakazo Olunenkathalo (iMzantsi Afrikan Responsible Gambling Foundation) liyarhente esemthethweni yonyango, nemfundiso, noqondiso malunga nongcakazo, exhaswa ngemali, neyasekwa lishishini eli longcakazo. Ke eli Qumrhu liqeqesha abantu abaqeshwe kweli shishini longcakazo, liqeqesha kwanaBamiseli-Migaqo. Ikwanka uqeqesho nemfundiso kubantu abachaphazelekileyo lungcakazo oluyingxaki. Eli Qumrhu likwenza namaphulo okwenza abantu baqonde ezikolweni ukufundisa abafundi ngongcakazo olunenkathalo kwanangeengozi neempawu zongcakazo oluyingxaki. IBhodi isebenza ngokusondeleleneyo nalo iQumrhu elo kumalinge oqeqesho olunikwa liQumrhu, namalunga nezayo iBhodi iinkqubo zoqondiso-bantu. IBhodi iququzelela intlanganiso yekota nganye yonyaka phakathi kwabanini bamaphepha-mvume bayo kunye neQumrhu eli ukuze ikwazi ukuhlala inolwazi olutsha malunga neenkukacha-manani zonyango, ukuze kwabelwane ngolwaziso nokuze kuqhutywe amalinge ongcakazo olunenkathalo.

Kuzo zonke izigqibo ezenzayo iBhodi kunye neofisi yeBhodi, kusoloko kunikwa umqwalasela indlela ezo zigqibo eziya kube neempembelelo ngazo kwintlalo yabantu nakwezoqoqosho. IBhodi ihlala icinga ngazo iziphumo

ebekungajongwangwa zona ezisenokubakho eziphuma kungcakazo; ngenxa yaloo nto ke yakhe yenza uphando lwamakhasi okudlala isenzela ukukhuthaza ungcakazo olunenkathalo. Le nkqubo isetyenziswa nje kungokuba iyanceda ukwenza kungabi nzima gqitha ukubekela abadlali imida okanye ukubakhupha. Kwacelwa ke eli shishini longcakazo ukuba livuse umdla wale nkqubo, laza layibona ukuba inkqubo enjalo iyinto enako ukwenzeka kweli shishini apha eNtshona Koloni. IBhodi ke yagqiba kwelokuba ithume abaphandi bayenzele uphando oluthe kratya kwiindawo ezityunjiweyo, neziphawulweyo zagqamiswa, xa bekuhlangene ishishini eli kunye nabanini-mabango alo.

IBhodi iyinxalenye yephulo (iproject) loorhulumente lokolulela isandla eluntwini, elibizwa ngokuba yiNkqubo (iiProgramu) kaThusong. Njengenxalenye yeziphumezi-njongo zayo, ifuna ukwenza kubekho ufikeleleko kwiinkonzo zikaRhulumente nolwaziso oluvela kuye, ngendelea enolungelelwano neziphumo ezihle, iyenze loo nto ngosebenzo-kunye namahlakani olunobulumko, nangothethwano phakathi korhulumente nabanini-mabango abafaneleneyo. Ugxininiso oluphambili loqhakamshelwano nolwaziso oluphuhliso kukuxhobisa abahlelelekileyo nabavinjwe amathuba. Le Nkqubo yeThusong ibonwa njengendlela yokwenza kusebenze lendlela yoqhakamshelwano kwaneyokujongana nentswelo-lulungelelwano kwezolwaziso nakwiinkonzo ekuhlaleni ngokuzisa urhulumente kufutshane ebantwini.

IOfisi yeBhodi yazihamba iNkqubo zeThusong zoonyanga-ntathu, ezazilungiswe apha kulo nyaka uphononongwayo, besenzela ukufundisa uluntu malunga neBhodi, imigungqo yayo, ungcakazo olungekho mthethweni kunye nongcakazo olunenkathalo.

## 2.1.8 UKUPHELISWA KONGCAKAZO OLUNGEKHO MTHETHWENI

Ngawo lo nyaka siwuphononongayo, kwabakho izityholo ezingama-43 zokubakho kongcakazo olungekho mthethweni:

- Ezingama-35 izityholo zaphandwa.
- Ezisi-8 izityholo wzange ziphandwe ngenxa yemivalo yeSizwe eyabakho ukususela ngowe-16 kweyoKwindla apha ku-2020
- Ezili-11 zafunyaniswa zingenjalo.
- Ezingama-24 kwezo zityholo zafunyaniswa ziyinyani, yaza loo nto yakhokelela ekuthinjweni koomatshini bokungcakaza abangama-45, neekhompuyutha ezingama-33, nasekuthathweni kwemali engama-R4392.00 nokubanjwa kwabantu abali-16.

Ukwenzeka kwezinto kubonisile ukuba ukungcakaza okungekho mthethweni kusaqhubeka kwi-intanethi, ngokungathomalaliyo, kanti nokungavunyelwa kongcakazo lweintanethi alunyanzeliswa ngokunempumelelo.

IBhodi kudala icela ukuba abenzi-mithetho nabenzi-migaqo-nkqubo mabalwenze lube semthethweni ungcakazo lweintanethi, baze balubekela imigaqo. Ngalo lonke ixesha abemi baseMzantsi Afrika bengenazo iindlela ezisemthethweni, abayi kwaphua umthetho nje ngokuthatha inxaxheba kungcakazo olungekho mthethweni, koko baya kuthi kanjalo babe sesichengeni sabadlali abangenanabulungisa, abangabekelwanga migaqo yakulawuleka babe ngabadlali abanokulunga, babuyele kwizinto ezikhunyushwa kuthiwe ziipatron percentages and probity and suitability requirements. Abadlalisi bongcakazo lweintanethi abangenamaphepha-mvume kanjalo abenzi galelo kuqokelelo-mali yephondo, bengatyali nto kanjalo kutyalo entlaweni yabantu olwenziwa ngamashishini. Urhulumente makangapheleli nje ekulweni ungcakazo olungekho mthethweni, esikuxhasayo nathi, koko urhulumente makenze kubekho isicwangciso sophando esicacileyo sokuba afumane ulwazi lokuba alulawule njani ungcakazo lwakwi-intanethi.

IBhodi iyaqhubeka ukwenza amanyathelo amakhulu ekulweni iindawo zongcakazo olungekho mthethweni, incediswa ngamagosa olwenziwo-mthetho afaneleneyo.

IBhodi yathi apha eminyakeni senza kwabakho ubudlelwane obuhle kunye nemibutho efaneleneyo. Ke obo budlelwane benziwa buhle ngakumbi ngoCweyo lwethu lonyaka oluququzelelwa yiyo iBhodi. Nazi iinjingo eziphambili efuna ukuziphumelelisa ke ngolu Cweyo, iBhodi:

- kukunika ulwaziso malunga neempumelelo zeminyaka edluleyo,
- kukuba neengxoxo-mpikiswano malunga neengxaki ezisijonge sonke,
- kukuxoxa ngezicwangciso ekuphakanyiswa zona ezenzelwe unyaka ozayo.

Olu cweyo lonyaka ke lunika iBhodi ithuba lokubulela abantu ngabantu abayincedisileyo ukulwa ungcakazo olungekho mthethweni. Olu cweyo lonyaka nonyaka ke sele lukhulile lwade lwaba yindawana yokukhuphisana phakathi kwezitishi ezahlukeneyo zeeNkonzo ZamaPolisa ZaseMzantsi Afrika, iiSAPS. Ishishini eli e liye linike amabhaso aziziboniso kwabo baye baqhuba kakuhle ngaloo mini.

Nakuba ingeyomfuneko eNtshona Koloni, iBhodi Zongcakazo ZamaPhondo zanikwa inkxaso ekulweni kwazo nongcakazo olungekho mthethweni, ngokuthi kwenziwe kubekho iKomiti Yokubeka Phambili Abanini-mabango. (iStakeholder Priority Committee). Kwakungexesha lentlanaganiso yeQonga Lesizwe Losebenzo-kunye Kwezobuntloa (i National Joint Operational Intelligence Structure, (iNAT JOINTS)). Kwagqitywa ke ukuba ubudlelwane phakathi kwaMagunya Ongcakazo eSizwe nalawo amaPhondo, kunye neeNkonzo Zamapolisa ZaseMzantsi Afrika, neGunya Lotshutshiso Lesizwe (iNational Prosecuting Authority) kunye nabanye abanini-mabango abangenayo, mabuqiniselwe, ukuqinisekisa ukuba ungcakazo olungekho mthethweni lujongwa ngendlela edibeneyo nenentsebenziswano. Kwafunyaniswa ukuba kukho umfunekoyokuseka iKomiti ZePhondo Zokubeka Phambili aBanini-mabango (iiProvincial Stakeholder Priority Committees), ezokwenza kusebenze izigqibo ezinobulumko ezazenziwe yiKomiti Yesizwe Yokubeka Phambili aBanini-mabango (iNational Stakeholder Priority Committee) zokujongana nongcakazo olungekho mthethweni.

Ukuze ixoxe ngongcakazo olungekho mthethweni, iKomiti YePhondo Yokubeka Phambili Abanini-mabango (iKomiti Yabanini-mabango) iya kuba nosihlalo olilungu elivela kwiDirectorate for Priority Crime Investigation (kwiDPCI). Uya kuba kwiwonga lobubhridi, into ke leyo eya kunciphisa le mingeni ekhoyo ngoku ekuphandeni amatyala anxulumene nongcakazo olungekho mthethweni oluququzelelwayo ngabom. IBhodi yaba yinxalenye yekomiti eyayisekwe ngaphambi komyalelo weNATJOINTS, eyayinala malungu: iFLASH, iBhodi, iGunya Lotywala (iLiquor Authority) kunye neMetro Police Vice Squad. Kodwa, ukususela ngeyeNkanga ku-2019, kwasuka kwabonakala ingathi kukho ukuyekeleleka kokungxamiseka kokusekwa kawle Komiti Yobeko-Phambili Lwabanini-mabango YePhondo.

### 2.1.9 IGALELO LOOSOMASHISHINI KUPHULISO LWABANTU

IBhodi ikhuthaza abanini bamaphepha-mvume ukuba benze amagalelo oosomashishini kuphuhliso lwabantu bawase kumaqumrhu angaphelelwayo, axhasa amaphulo afaneleneyo oncedo-bantu.

Ngomnye wemiqathango yokuba nemvume ukuba abanini bamaphepha-mvume kufuneka bechithe isiqingatha esithile semali abayenzayo, basichithele kwiGalelo Loosomashishini Kuphuhliso Lwabantu, kusenzelwa ukuncedeka kowamaqela oluntu aqhutyelwa phakathi kwawo amashishini lawo. Apha ngezantsi kukho ezinye zeendawo zoqwalaselo abaye batyala kuzo abasebenzeli beBhodi:

- EzeMfundo: ukuxhasa uphuhliso lwabantwana besebancinci, ukuphuculwa kwezibalo, nenzululwazi, nezakhono zolwimi, ukuphuhliswa kootitshala nabafundi, nokuxhasa izikolo zabantwana abanemfuno ezikhethekileyo;
- EzeMpilo: ukomeleza ukhathalelo-mpilo oluphambili; nokusebenzela ukuthintela iNtshoIGawu/uGawulayo
- Uphuhliso Lwabantu Olungatshitiyo: ukunika inkxaso kwiimbedlenge, ukuzama iindlela zokuphila ezingatshitiyo; ngokuqeqeshela izakhono nokwenza kubekho imisebenzi, nangokuxhasa ulwakhiwo lwamandla okusebenza, ukuze kuphuhlise amashishini.
- Kulo nyaka siwuphonongayo, amalungu kunye namagoda eBhodi atyelela amaqumrhu alishumi elinambini (ali-12) njengexalenye yoxanduva lweBhodi lokugada, ngokumayelana ke negalelo loosomashishini kuphuhliso lwabantu.

Abanikwa-maphepha-mvume beBhodi batyala imali ezingama-R27 992 238 ezigidi, esenzela igalelo laboshishino ngalo nyaka uphonongwayo.

### 2.1.10 UMPHUMELA WOBHUBHANE OYIKHOVIDI-19

Kwathi akuba uMongameli welizwe lethu ehlabeni lokuba ilizwe eli lethu lisebenzisane kumzamo wokuthoba indunduma nokuthintela ukusasazeka okukhulu kweyayirasi yeKhorona, ngomhla we-15 kweyoKwindla ka-2020, abanini bamaphepha-mvume baseNtshona Koloni bazicingela, basabela kungakhange kubekho kungenelela kweBhodi. Kwathathwa amanyathelo aliqela ahamba umgama ovakalayo kwiindawo ezinamaphepha-mvume, kusenzelwa ukhuseleko lwabantu abahamba kwezo ndawo, njengeyona njongo iphambili. Indlela elayenza ngayo le nto ishishini eli yayiphindwe kabini, ikukuthobela laa migangatho yempilo yayifuneka kwiindawo ezinoshishino, ikuko nokunciphisa imigangatho yokusebenza ukuze kuqinisekise ukhuselo lwabasebenzi abalapha kwiindawo zoshishino kwanoluntu ngokubanzi. Amanyathelo athathwayo ukunyusela phezulu imigangatho yezempilo zaba zezi, phakathi kwezinye:

- Izibulali-ntsholongwane zenziwa zabakho ekungeneni, nangaphakathi ndawo yonke.
- Kwanyuselwa amatyeli okusoloko kucocwa emasangweni ale mizi-mashishini
- Kwaniwak ababsenezi izibullai-zintsholongwane ukuze bahale behamba nazo zikubo ngeli xesha baphangeleyo.
- Iindawo ezixhatshakelwa ngabantu zazifakwa izibulali-ntsholongwane emva kokuba bekukho umququzelelwa ngamnye.
- Kwakunyanzeliswa nokuqelelana kwabantu.

Nanga amanyathelo enziwayo malunga nemigunqo yokwenziwa kwemisebenzi:

- Imitsalo yeentengiso ezaziza kubiza abantu abaninzi inyambalala yabantu zayekiswa.
- Iziganeko nemiboniso eyayiza kwenzeka kwimizi yeeKhasino zamiswa.

- Kwancitshiswa ukuthengiswa kweendywala ngaphakathi kwiikhasino.
- Oomatshini bokungcakaza benziwa bangasebenzi ukuze kubekho ukuqelelana phakathi kwabantu.
- Kwabekwa nemivalo malunga nabantu amabaye kwiziganeko zemidyarho yamahashe.

Akuba uMongameli ebhengeze, ngomhla wama-22 KweyoKwindla ngo-2020, ukuba kuya kubakho uvalo-gingci lwesizwe ukususela ezinzulwini zobusuku ngomhla wama-26 KweyoKwindla ngo-2020, abanini bamaphepha-mvume bashiyeka benexesha elingaphantsi nakwiveki lokuba benze amalungiselelo oku kuvalwa phantse kwento yonke.

Nakuba yayisenokuba yinto evakalayo isizathu sayo, kodwa ke ibe ingamkelekanga, into yokuba iindawo zongcakazo nokubheja zisebenze ngokwamanyathelo ezaziwaqalise kwiveki enye nje egqithileyo, ukwenzela nje ukuba zandise ingeniso phambi kokuvala, ange yenzeke le nto. Abanini zimvume baqhubeka besenza ushishino lwabo ngezi ndlela zempilo nezi ndlela zixininiselayo zokusebenza ezazimiselwe ngokuqinileyo.

Iikhasino ezinamaphepha-mvume zazicwangcisa ukuba zivale usuku lonke ngaphambi kovalo-gingci ukuqinisekisa ukuba iimfuneko zemigaqo nezibonelelo zomthetho malunga nemisebenzi yaselungcakazweni ziyathotyelwa zonke ngokupheleleyo.

IBhodi ke yabona, yaneliseka, ukuba bonke abanini bamaphepha-mvume baseNtshona Koloni babeyithobele ngokuzelelo imivalo yoValo-gingci lwesizwe, ngokuba akukho ndawo yongcakazo yayisebenza. Ishishini eli ke labuya lavula ngowama-29 KweyeSilimela (uJuni) ngo-2020 phantsi kweNqwanqwa Lokuvundla Lesi-3, ngokwemigaqo efaneleneyo eyahlaziywayo.

## 2.1.11 THEKHNOLOJI (UBUXHAKA-XHAKA) NOLWAZISO

IBhodi ineOfisi Yokuphatha kwayo kwangaphakathi, iphatha iThekhnoloji Yolwaziso Noqhakamshelwano (esingayinika oonobumba-gama sithi yiTLQ). IBhodi ke, kunye neeKomiti zayo ezimbini, ezizezi, iKomiti yezeMali neThekhnoloji Yolwaziso, neKomiti yoPhicotho, zinoxanduva lokugada, zigade le Ofisi yokuphatha kweBhodi kwangaphakathi, iphatha iTLQ. Zigada ukuba le Ofisi isebenze ngokunempumelelo (ibe effective), futhi ibe nezinto zonke, iphelelise. Ke iBhodi yathathela kuyo imigqaliselo yeKing IV yokuphatha, yayidibanisa neSikhokeli-ngcinga-kwenza (iFramework) SoRhulumentu (Sokuphatha) esenziwe zezi zinto: izikhokelo zokuphathwa kweTLQ ngamashishini (iGCICT, ngesiNgesi), neZenzo Zokulawula iThekhnoloji Yolwaziso (neCOBIT, ngesiNgesi), kwakunye nezikhokelo zokulawulwa kwezi , okweThekhnoloji Yolwaziso( iTL ngesiXhosa, iIT, ngesiNgesi) nokweThala Lamaseko EThekhnoloji Yolwaziso (iITIL, ngesiNgesi). Zizonke ke ezi ndibanisela zakhe iSikhokeli-ngcinga-kwenza Sokuphatha (okanye SoRhulumentu) ekukho kuso imigaqo-nkqubo, ukwenzeka kwezinto (iiprocessees), iinkqubo-manyathelo (iiprocedures), kunye namaqonga (iistructures).

Iingxelo zangaphakathi zoonyanga-ntathu malunga neThekhnoloji Yolwaziso Noqhakamshelwano (iTLQ ngesiXhosa, iICT ngesiNgesi), nezimalunga nophicotho, zangeniswa kwezi Komiti, ukwenzela ukuqinisekisa ukubanjwa kweentambo okwenzeka nyhani, futhi ngempumelelo, kusenzelwa ukugcina ukhuseleko lwangaphakathi lweThekhnoloji Yolwaziso Noqhakamshelwano (LweTLQ ngesiXhosa, iICT ngesiNgesi). Imingcipheko kunye nokubanjwa kweentambo ezinxulumene nokusebenza kwangaphakathi kweTLQ ngesiXhosa, iICT ngesiNgesi zafakwa kwiNcwadi YeBhodi Yobhaliso Lwemingcipheko. Imigungqo enxulumene neTLQ (iICT ngesiNgesi) yeOfisi yeBhodi zaziye zajongwa ngokwenkqubo yoPhatho LweDesika Yoncedo yasekhaya; yaye iphononongwa qho neveki.

Umhlaba wokuqwalaselwa ophambili weOfisi yeBhodi kwakukudala kubekho isiseko sentshukumo yayo ukuya ekusebenzeni ishishini ngoomatshini. Iye yayenza le nto ngelaa phulo nalaa nkqubo yokusebenza ngoomatshini ngendlela yeintanethi, libizwa ngokuthi yiGenesisi. Injongo-nkulu eyeyokugqibela yayo le nkqubo yeGenesisi kukwenza isebenze ngoomatshinii inkqubo yeBhodi yezenzeko zeshishini zokwenza izicelo zokuba ngumniki-maphepha-mvume. ikwakuko nokudala indawo-ndalo (ienvironment) eluhlaza/engenamaphepha isenzela iOfisi YeBhodi kwakunye nalo ishishini eli longcakazo. Elo phulo laqala ngeyoMsintsi ku-2018, lahambela phambili kakhulu de Isigaba Sokuqala saba siyagqitywa, eseshishini leekhasino, ekupheleni kweyeThupha (uAgasti) ku-2019. Isigaba Sokuqala sasetyenziswa ngokuphumeleleyo ke, yaza yavulelwa inkqubo yokuvela ngoko nangoko {{< the go-live of the system}} ngomhla woku-1 KweyoMsintsi ngo-2019. Uqeqesho lwabasebenzi beshishini leekhasino nabeBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho lwenziwa lwagqitywa, ukwenzela ukuba iikhasino zikwazi ukungenisa izicelo ezihamba ngeintanethi zamaphepha-mvume zazo, zizifake kwiqonga elikwi-intanethiukususela kweyoMsintsi ngo-2019. Xa ke kusetyenziswa iGenesisi le, kwabakho iingxaki ekuhlanganwa nazo, ezinjengofikeleleko xa ukwiindawo zomenzisi lowo, kunye neempazamo zobumntu xa kwaliswa iifomu ezintsha ezisekhompyutheni. Njengoko iingxaki zosetyenziso (zeimplementation) zazilindelekile, kwakwenziwe izibonelelo ezaneleyo yiBhodi

kunye nomniki-nkonzo, zokujongana ngokwaneleyo nazo ezi ngxaki zosetyenziso. Isigaba esilandelayo sephulo iGenesis siya kuquka neNdlela-ndlela (iiprocesses) zoelo zimvume ezikhutshwa ngoomatshini, ezihamba ngeintanethi, sele ngoku ezi izezala amashishini: IILPM, neTotalisator NawaBabhejisi.

Iofisi yeBhodi yaqalisa isiza sonxibelelwano ngeintanethi sayo sala maxesha, esihambelana neemo zamva nje zeziza zonxibelelwano zeli xesha. Yasiqalisa ngonyanga-ntathu wesine (wesi-4) wonyaka-mali ka-2019-2020. Injongo yesi siza sonxibelelwano sitsha kukubonelela abatyebile ngendlela entsha nebhetele yokufuna-funa baziqhelanise nezi zinto zilandelayo zeBhodi: isigunyaziso sayo (o.kt. umsebenzi 'ewuphathisiweyo'), iinkonzo zayo, iinkqubo-manyathelo zayo ezimalunga namaphepha-mvume zongcakazo, izalathandlela zayo, uqhakamshelwano neofisi, imigaqo yokwenza imisebenzi yayo, imithetho nemigaqo yeBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho, iinkcukacha-manani zongcakazo, nezinye ke.

Ngexesha lovalo-gingci lwesizwe, iOfisi yeBhodi yaxhobisa abasebenzi ngezixhobo ezazifuneka ukuze basebenze besemakhaya. Le nto yayiquka ukuba nako ukufikelela kunxibelelwano lweBhodi nakwiisistim zayo zoveliso ukuze bakwazi ukwenza imisebenzi yabo ngexesha lovalelo-gingci. IMigaqo-nkqubo Yokhuseleko kunye NeSifungo Sokugcina Amahlebo seBhodi, uMgaqo Wokuziphathatha wayo kunye neCandelo le-17 nele-19A oMthetho waseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, 1996, zonke ezi zizinto abaye baxelelwa ngazo bonke abasebenzi beBhodi le, ukuqinisekisa ukuba ulwaziso, neenkukacha-lwaziso (idata) abaya kufikelela kuzo abantu zizinto ezinokhuseleko, nokuba abasebenzi baziphatha ngokwezi zibonelelo, ngexesha lovalelo-gingci.

Ukuhambela phambili kwitheknoloji kwenza ukuba kubekho iindlela ezintsha nezinamda okuvez' into entsha zongcakazo; kunjalo nje kukwanceda nokusibonisa ukuba ukubhejela imidlalo kwi-intanethi yimakethe ekhulayo. Abamiseli-migaqo kufuneka ukuba baqiniseke ukuba baqeqeshekile ngokwaneleyo ukuba babe nako ukujongana neenguqu zetheknoloji, kwakunye nokwanda nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kweetheknoloji ezitshintshileyo. La mabakala kukwafuneka kujongwane nawo ngokwenza izilungiso zasemthethweni ukuqinisekisa uhambelwano kunye nezi nguqu zenzekayo ngoku.

## 2.1.12 UKUHAMBA IINKOMFA

IBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho, inesigunyaziso sasemthethweni sokuba imisele imigaqo ungcakazo kwiPhondo LaseNtshona Koloni. Ishishini longcakazo lihlala likwimeko yokungaqiniseki, njengoko kumana ukuba kho izinto ezintsha ezivelayo nemidlalo yongcakazo emitsha, netheknoloji entsha kunye nokuqondwa kwemiphumela yayo ebantwini zizinto ezivelayo ezo. Ukuze lumiselwe imigaqo kakuhle ungcakazo, iWCGRB kufuneka ingashiyeki nakwenye yazo ezi nguqu apha kwishishini longcakazo; kufuneka ibe nolwazi nezakhono zonke ezifanelekileyo ukuze ibe nempumelelo ekwenzeni isigunyaziso sayo.

Ukuqaliswa kwezinto ezintsha ukunikana iimbono ezintsha malunga nokumisa imigaqo nokukhusela abangcakazi abanengxaki, ezo zinto zibekwa etafileni kuxoxwe ngazo kwiinkomfa ezimalunga nongcakazo. Iinkomfa zikwangumhlaba otyebileyo wokwakha ubuhlobo kunye noogxa bethu abasuka kwezinye iindawo zolawulo, kunye nezinye iimfundimani, nabeenkukacha-manani zongcakazo nabaniki zinkonzo zixhasayo.

Ngoko ke, amalungu kunye namagosa eBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho aya kuzo zane iinkomfa ngalo nyaka uphononongwayo. Iinkcukacha zeenkomfa ezimbini ezikumazwe ngamazwe esakhe saya kuzo zicacisiwe kwiphepha lama-59 ukuya kwelama-69 lale ngxelo

Ezi nkomfa zine sazihambayo nazi:

- **UMbutho Wamazwe Ngamazwe Wabamiseli-Migaqo Bemidlalo (iIAGR)**

Inkomfa ephuzulu yabamiseli-migaqo bongcakazo, emalungu ayo angamaqumrhu omiselo-migaqo kungcakazo asuka kulo lonke ilizwe. Njengenkomfa emalunga nomiselo-migaqo, iqwalasela ikakhulu umiselo-migaqo, imingeni exhaphakileyo kwaneentsombululo. Izihloko zale nkomfa zazijikeleze ungcakazo oluyingxaki, into ekumele ukuba yenziwe ngabanini-mabango, umiselo-migaqo oluvakalelwayo longcakazo, ingxaki yolwaphulo-mthetho oluququzelelwa ngabom kunye nendima yokubhengeza ungcakazo kungcakazo oluyingxaki kwakunye nezixhobo zokuncedisa abangcakazi ukuba bazihlole izimbo zabo zongcakazo bazibekele imida yenkcitho amabangadluli kuo ngokungcakaza, phakathi kwezinye izinto. IWCGRB yafumana ukuqonda-nzulu malunga nokuqonda kwanokunyanga abangcakazi abanengxaki kunye nenkathalo yabanini bamaphepha-mvume ngabo abangcakazi abanengxaki.

- **INKomfa Yemiboniso Yolwenziwo Lwemidlalo Lwelizwe Jikelele kunye Nezi ko Lesizwe Lolwenziwo Lwemidlalo Olunenkathalo (National Centre for Responsible Gaming) (iG2E)**

Le miboniso ibonisa izinto-ezikhoyo zetheknoloji yamva nje zolwenziwo-midlalo kunye nezinto ezintsha ezivelileyo kunye neemveliso zemidlalo zexesha elizayo. IWCGRB iyaqondiswa ngezinto ezizayo, ize ivumele

# ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

ukwenziwa kophuhliso zakhono nokulungelelaniswa kwemithetho ukwenzela ukuxhobisa isimiseli-migaqo silungele ezi zinto-zikhoyo zintsha. Inkomfa le ke yagxininisa ekunyangweni kweenkathazo zongcakazo, nakungcakazo olunenkathalo yaza yanika iWCGRB iingqondo-nzulu kunye neento-zokwena ngazo ukunyusa umgangatho awayo amacebo anobulumko okumisela imigaqo ungcakazo olunenkathalo, isenzela abanini maphepha-mvume baseNtshona Koloni.

- **INKOMFA YEbhodi YONGCAKAZO YESIZWE**

Le nkomfa yayisingethwe yiBhodi Yongcakazo Yesizwe yaseMzantsi Afrika. Kwakuze kuyo abamiseli-migaqo, abaqhubi-mashishini kunye nabaniki-zinkonzo beshishini longcakazo. Injongo yale nkomfa yayikukuzisa izimbo ezizezakutsha nje, ukwenza kubekho usebenziswano, kunye nabanini-mabango kusenzelwa iinjongo-nkulu kunye neziphumezi-njongo ezifanayo zexesha elizayo, ukuvula iqonga lengxoxo-mpikiswano eshushu kunye negxoxo phakathi kwabanini-mabango malunga nomiselo-migaqo, nowiso-mithetho kunye nezenzo zokugqwesa kusenzelwa ungcakazo. IWCGRB yathatha inxaxheba kwiingxoxo zamaqela eengcali nakwezabantu ngabanye ngabanye kunye nabanini-mabango, ezathi ke zayinika ingqondo-nzulu iWCGRB malunga neendlela ekucingwa ngazo ngoku kunye nezinto ezenzekayo ngoku.

- **Iqonga LaseAfrika Labamiseli-Migaqo Bemidlalo (iGaming Regulators Africa Forum, iGRAF)**

Amalungu eli iqonga ngabamiseli-migaqo abaseAfrika iphela. Injongo yayo kukwenza kubekho ukwabelana ngolwazi malunga nezemfundo, nezophando, nezophuhliso lomiselo-migaqo, phakathi kwabalingane baseAfrika abakumiselo-migaqo. Le nkomfa ke yagxininisa kule nto ikhunyushwa kuthiwe yiFourth Industrial Revolution (i-4IR) kunye nemiphumela yayo kwishishini longcakazo laseAfrika, kubhekiswa kuyo njengento-ekhoyo (umdlalo wokungcakaza) kungcakazo kwananjengendlela yengqesho kulo mhlaba womiselo-migaqo. Ngaphezulu, yazama ukwenza kubekho usebenziswano (icollaboration) kwimicimbi yeFIC, neyecrypto currencies, neyokuhlisa kwemali ngomlenze kunye neePlay Management Systems. Ke iBhodi YaseNtshona Koloni Yongcakazo Nemidyarho yazuzisa ingqondo-nzulu kwindlela ekucingwa ngayo ngoku malunga nokumisela-imigaqo ungcakazo phakathi apha eAfrika kunye nemingeni ejamele ishishini lolaseAfrika kwanomiselo-migaqo lwalo.

Ngokuya kwezi nkomfa, amagosa eWCGRB akha amanxibelelwano axabisekileyo kunye nabamiseli-migaqo bongcakazo bamazwe ngamazwe kunye nabanini-mabango eli shishini bamazwe gamazwe, besenzela uphando lwexesha elizayo kwanocobiso.


## 2.1.13 UKUXELA EKHULENI UPHATHO LWAMASHISHINI OKUFUNWA NGUMGAQO-KUZIPHATHA OYIKING IV CODE:

Ngokwemimiselo yoMgaqo-kuziphatha iKing IV, iBhodi iyalelwa ukuba ixele ekuhleni izinto ezithile ezimalunga nolawulo (nophatho) lwamashishini. Ingxelo yeBhodi yeKing IV iyafumaneka kwisiza sonxibelelwano seBhodi, apha: [www.wcgrb.co.za](http://www.wcgrb.co.za)

Ukususela ngowama-31 kweyoKwindla ka-2020 ishishini longcakazo nemidyarho elisemthethweni eNtshona Koloni, elizalise wonke lo mhlaba waseNtshona Koloni linezi zinto:

## 2.1.14 SERVICE DELIVERY ENVIRONMENT

Imigungqo Emalunga Neemvume	Umhla Wama-31 Kwindla 2020	Umhla Wama-31 Kwindla 2019
Iikhasino ezinamaphepha-mvume	5	5
Abasebenzisi boomatshini abahlawula inxenye abanamaphepha-mvume	2	2
Ababhejisi abanamaphepha-mvume	43	43
Itotalisator enemvume	1	1
Iindawo zamashishini (iipremises) ezinamaphepha-mvume	664 (Ama-447 eeLPM I-164 lababhejisi, Ama-53 eeTotalisator)	640 (Ama-432 eeLPM, ama-154 ababhejisi, ama-54 eeTotalisator)
Izinto zetheknoloji (iidevices) zongcakazo ezinikelwe amaphepha-mvume	6 940	6 040
Iimvume Zabasebenzi	7 514	7 195



Iindawo Ekwenziwa Kuzo Ungcakazo Ezinamaphepha-mvume

Iindawo Zazo	1 City of Cape Town	2 Eden	3 Cape Winelands	4 Overberg	5 West Coast	6 Central Karoo
Casinos - 5	1	1	1	1	1	0
LPM Sites - 447	299	44	43	22	38	1
Bookmakers - 164	144	7	11	0	2	0
iTotalisator - 53	44	2	4	0	3	0

# IS AHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

Inani lezicelo zamaphepha-mvume ezenziwa kwiBhodi lixhomekeke kubungakanani beemfuno zeshishini eli. Inkqubo yolwenziwo-zicelo yeBhodi ilandela ukukhutshwa kwesimemo sokuba makwenziwe izicelo, okanye iyazenzekela ngaloo ndlela ibekwe ngumthetho. Izicelo zamaphepha-mvume zeekhasino, nezeeroute operator nezeetotalisator, zona zingeniswa kuphela xa ithe yakhupha isimemo iBhodi. Kodwa ezababhejisi neeZeendawo ZeelLPM izicelo zamaphepha-mvume zingeniswa xa kuvela amathuba okushishina amahle. Ke ngoko kunzima ukubhajethela ingeniso yeBhodi ngokuchanekileyo njengoko imithombo yengeniso yeBhodi yona ixhomekeke kwinqanaba lezicelo ezitsha nakweleemvume ezihlaziwayo ngaloo nyaka.

Eli shishini ke lilawulwa ngokwemigaqo kakhulu; ukuze kuqinisekise ukuba abadlali-zindima bayazithobela iimfuneko zokufaneleka ngokomthetho, kukho inkqubo engqingqwa ekuhanjwa ngayo xa kusetyenzwa iindlela zokukhupha amaphepha-mvume, phambi kokuba ikhutshwe imvume. Abanini zimvume bangenisa izicelo zohlaziyo-mvume zonyaka, nezo zicelo ziqale zihlolwe kukhangelwe ukuba lukhona na uthobelo lweemfuneko zokufaneleka ukuba bazinikwe kwakhona ezo mvume.

Nakuba iBhodi iqhubeka ukubeka iliso inyanga nenyanga kwingeniso yemidlalo, kuza kubakho umqwalasela othe kratya weyantluko nezimbo ezifanayo ekwenzekeni kwezinto, ezinokuyinceda ke iBhodi ekuthatheni izigqibo ezisenokuba nempembelelo kwikamva leli shishini. Izimbo ezifanayo bezike zabukekela {<skewed} ngenxa yoValelo-gingci lweKhovidi-19, kufuneka ke ibalwe kukhangelwe umphumela wayo.

Njengokuba itheknoloji iya ikhula ngokukhawuleza, futhi kukho neenguqu ezenzekayo nakwishishini eli, kufuneka ukuze umiselo-migaqo olube nempembelelo luncediswe zizilungiso kuwiso-mithetho. Kodwa ke yinto ende le esenza ukuba simane ukuzifumana sibopheke izandla neenyawo bobu bude bexesha elithathwa zezi zilungiso zomthetho.

## 2.1.14 INGUQU YESINE KWEZOSHISHINO (I-4IR)

Ingxelo eyenziwe liziko eligama lithi: Amacebo Anobulumko Emigaqo-nkqubo Kwezorhwebo Nezoshishino (iTIPS), iyenzela iSebe Leorhwebo Noshishino (elikhunyushwa kuthiwe yiDepartment of Trade and Industry (IDTI)), emalunga neQonga Lelizwe Lezoqoqosho (iWorld Economic Forum) kwaneNguqu Yesine Kwezoshishino (iFourth Industrial Revolution) eMzantsi Afrika icebisa ithi, xa kuguqulelwa esiXhoseni (ingasengawo ke ngoku amazwi ayo athe ngqo): *Esi sigaba sitsha senkqubela kwitheknoloji skhomba phambili kwixesha lokusetyenziswa kobuxhaxhaka obutsha obuziindidi ngeendidi ezinjengezi: iirobhothi, ukwenziwa kwemisebenzi ngoomatshini, ubukrelekrele obenziweyo, itheknoloji yezinto ezincinci (i-nanotechnology) neenzululwazi zezinto zokwenza (ii-materail sciences), zisetyenziswa kumashishini aqhelekileyo kanti nakwamatsha. Le nto kulindeleke ukuba iziguqule kanobom iinkqubo zokuvulwa kwezinto kwixesha elizayo, ize ke ngaloo ndlela ichaphazele ukwenziwa nokusetyenziswa kwamacebo anobulumko ezoshishino exesha elizayo.*<sup>1</sup>

Yathi ke icinga ngale ntetho iBhodi, ibona noku kukhawuleza kwezinto zetheknoloji eveza izinto ezintsha apha kwishishini longcakazo, yenza isigqibo esibubulumko sokwenza izinto zihambe ngeintanethi, nesokusebenza ngoomatshini xa isenza iinkqubo-manyathelo ezimalunga noniko-zimvume. Esi sigqibo sangabom seenzelwa ukungashiyeki kweBhodi kwizinto eziguqukayo, ngokufunekayo, senzela nokunyusela ngentla inkqubo yoshishino eseneza kakuhle, enemiphumela, neyongezwe amandla. Ngokwenene ke eli linyathelo elifuneka ngokubalulekileyo eliya kwicala elinqwenelekayo lobugcisa obukhuliswe amandla, laye liya kwenza isiseko sokuba nemveliso kwezi zishiyekileyo iinkqubo zoshishino zeli qumru. IBhodi kufuneka iziqhelanise neenguquko apha kweli shishini longcakazo, ngokwakwisakhiwo salo nnamabakala aso anobuntsompothi, nangokubhekiselele kwizincedi-kwenza ezingabantu, ukuze ikwazi ukukhulisa ngakumbi amandla ei shishini okwenza.

Ukuze iqiniseke ukuba inamandla okwenza awaneleyo, iBhodi izama ukomelelza amandla ayo okwenza ngezi ndlela: imfundo apho ifuneka khona, uphuhliso lwezakhono oluphuculweyo, amaseko angcono, usebenziswano oluthe kratya kunye nabanini-mabango, nangokuqinisa izikhokeli-ngcinga-kwenza ezithile ezityunjweyo {specific} zomthetho/zomgaqo-nkqubo. Le nto iya kwenziwa ngokuchula ukunyathela ukuze kukhuselwe ngendlela eyiyo iinkcukacha-luphando (idata), kuphuculwe kakuhle ukusetyenzwa kwemicimbi yoniko zimvume, kuhanjiselwe phambili ukubekwa kweliso kuthotyelo, kufanekiswe imigaqo yongcakazo, kwenziwe kubekho imigangatho kwezobugcisa, kukhuselwe ngendlela efanelekileyo uluntu oluthengayo, ize ke ibhodi ifikele ekufezekiseni isigunyaziso sayo esithe ngqo njengommiseli-migaqo.

<sup>1</sup> IQonga Lelizwe Lezoqoqosho neNguqu Yesine Kwezoqoqosh eMzantsi Afrika (Uphando lweziko eligama lithi: Amacebo Anobulumko Emigaqo-nkqubo Kwezorhwebo Nezoshishino (iTIPS) olwenzelwe iSebe Lorhwebo Noshishino (iDepartment of Trade and Industry), KweyeNkanga (NgoNovemba) 2018

## 2.2 INDAWO-NDALO YELI QUMRHU

Ukususela ngowama-31 KweyoKwindla ka-2020, uMphathiswa Wezemali Namathuba Oqoqosho (iMinister of Finance and Economic Opportunities) watyumba isixhenxe (isi-7) sonke amalungu ukuba abe ngamalungu eBhodi. IBhodi yasokoliswa kukusetyenziswa kade kwezizigqibo zayo neziphumo zophando lwayo, okwakubangelwa kukungenelela kwabanini-mabango nezizigqibo zabo. Le nto yabangelwa ukuba iBhodi ingathenjwa ngoku lishishini eli, yalinyelisa igama leBhodi apha eshishinini, into yayibangelwa ukuba iBhodi kusoloko kufuneka ukuba izo kuchaza izinto apha eshishinini.

Ukungaphumeleli ukunyusa amanqwanqwa abasebenzi bezolawulo ababeye bayandisa imisebenzi abayenzayo kwabangela ukuba abo basebenzi bangakuvumi ukwenza nayiphi na ke ngoku imisebenzi engabhalwanga kwiinkcuzo zemisebenzi ababevume zona. Zasuswa ke ezo izinto zokwenziwa kwimisebenzi yabo yemihla ngemihla. Kwafuneka kwenziwe manyathelo wambi ukuze kuqinisekise ukuba loo misebenzi iyenziwa igqitywe. Ukuze iqinisekise ukugqibeka ngokunempumelelo kokwenzeka kwesigunyaziso sayo iBhodi, amalungu ayo kunye nekomiti esisigqeba, kwafuneka bebacine abasebenzi bempompeke ukufuna ukusebenza futhi bempompeke umoya wovuseleleko. Kuyachulumancisa ukwazi ukuba nakuba kwakunjenge, iBhodi yasifezekisa isigunyaziso sayo; kanjalo yazizalisekisa ngempumelelo ezininzi iithegethei zalo nyaka uphononongwayo.

### 2.2.1 INDAWO YEOfISI

Isebe Lezothutho Nemisebenzi Yoluntu (iDepartment of Transport and Public Works, i-DTPW) yathi, iphantsi kokugadwa nguVimba-mali WePhondo (iProvincial Treasury, iPT) yafumana ingqeshiso yeeofisi eyeyeminyaka, ukuze loo ndawo ibe yiOfisi yeBhodi, ngeyeNkanga ku-2018. Zalungiswa ke ezi ofisi zintsha ngokweempawu nemigangatho yoRhulumente waseNtshona Koloni, ukuze zibe ziindawo zokusebenzela. Isebe iDTPW, likunye nomniki-nkonzo, layenza ngokwalo inkqubo yokumaneja iphulo lo gama iWCGRB yona yaba nelizwi malunga malunga nokuma kwazo iiofisi.

Iofisi yeBhodi ke yafuduka ngempumelelo ukuya kumasango ayo amatsha, ingachithanga xesha lininzi, ekupheleni kukaTshaziimpuzi ngo-2019, yaba ke izinciphisile izithintelo ezibekelwe eli qumrhu ngokumalunga nendawoyokuma. Akungenwa lula nagubani ke kula masango matsha, njengoko enokhuseleloko lwemihla yonke, unyaka wonke. Le nto iqinisekisa ukhuseleko lwabasebenzi, nolweemoto nolwezinto zabantu abasebenza apha, ngabanye ngabanye. Le ndawo intsha ke iphakathi naphakathi, nto leyo inceda ukuphepha ingxinano yeemoto endleleni eya kwiiiofisi zeWCGRB neya, iphinde isuke, kwiziza ngeziza zokusebenza. Futhi ke le nto ikwanciphisa nobude bexesha besendleleni abasebenzi, nabenzi-zinto, kunye nabaniki-zinkonzo..

IWCGRB yazilungisa ngaphakathi iiofisi zayo ngonyaka-mali ka-2019-2020 ilungiselela ukuba kubekho indawo eyaneleyo yabasebenzi bayo, kunye namaseko ayo amatsha, kwanokuokumiliswa okutsha kwendawo yokusebenzela. Iiofisi ezi, nakuba kwakungekaziwa nto malunga nobhubhani oqalisayo ngelo xesha, kwathi kanti zona zimiliswe ngendlela ehambelana nemigaqo yeKhovidi-19. Yanceda ke loo nto kuba iOfisi YeBhodi zange kufuneke ukuba yenze lutshintsho kwindlela ezimi ngayo iiofisi.

Ukufunyanwa kwendawo esisigxina yeOfisi YeBhodi ngumba ohlala ukhona kuluhlu lwemiba yokuxoxwa kwiintlangansiso zoonyanga-ntathu zeBhodi kunye noMphathiswa Wezemali Namathuba Oqoqosho. Kufuneka kusekwe iqela labathunywa (itask team) ekukho kulo uVimba-Mali WePhondo, iPT, neDTPW kunye neWCGRB, kwixesha leminyaka emithathu ubuncinci phambi kokuba iphelelwe lixesha le ngqeshiso ikhoyo, ukuze kubekho ixesha elaneleyo lokuba iDTPW ifumane indawo esisigxina yeOfisi yeBhodi.

### 2.2.2 ISAKHIWO SELI QUMRHU

Ekusabeleni kwizicelo zeshishini eli, nakwimfuneko yokuba kwandiswe iindidi zemidlalo yongcakazo (engafumanekiyo ngokwangoku eNtshona Koloni) ukutyebisa imithombo yengeniso, kwimizamo yeBhodi yokuba ide ibe nokuzimela-ngokwayo, kukhe kwathethwa ngokuqalisa iziseko zokumisela uDidi luka-B noluka-C lweziza zoomatshini abahlawula ngokuyinxenye, iiLPM, . nemidlalwana yeBingo, kwaneehambo zamazwe ngamazwe (ii-International Junkets) ukuba zifakwe kungekudala kwixesha elizayo. Le nto iya kuba nomphumela kwesi sakhiwo sequmrhu sikhoyo ngoku ngokuba lo mkhosi ukhoyo wabasebenzi usenokungabi ngowaneleyo ukujongana neemfuno ezinyanzelekileyo (iidemands) okanye imiqodi eyongezelelekileyo yezicelo kunye kunye nemisebenzi yophando eya kufuneka ukuqinisekisa ukuba iBhodi iphendula ngexesha futhi ngendlela eyenza kakuhle.

Malunga nezincedisikwenza ezisenokufuneka, iBhodi izimisele ukwenza uphando lwangaphakathi oludibene nophononongo loKumila KweQumrhu (iOrganisational Design review) ukuqikelela iimfuno ezifunekayo phambi kokuba kungeniswe loo midlalo yongcakazo yongeziweyo. Makuqatshelwe ukuba esi sikhoyo isakhiwo esidibene nezi sele zinamaphepha-mvume iindawo, siye sahlala asahambela ndawo , nakuba eli likhoyo linamaphepha-mvume ishishini lisanda unyaka nonyaka, ngakumbi kweli cala loshishino lweeLPM, nakolwaBabhejisi.

# IS AHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

IBhodi sele iwathathile amanyathelo afunekayo ukuya kwindawo-ndalo eluhlaza/engasebenzisi maphepha ngokuba iqalise umnyango okwi-intanethi apho kufakwa khona izicelo zamaphepha-mvume. Ukuqaliswa kwale nkqubo akuyisusi imfuneko yabasebenzi abangabantu. Kaloku inkqubo yophando iseyindawo enkulu yokuqwalaselwa lisebe, ukuze kunikwe iingcebiso zokuba zivunywe na okanye zingavunywa izicelo ezingenileyo. Indawo ekukuphela kwayo ukuchaphazeleka kakhulu kukusebenza ngeintanethi yile kaMabhalana weOfisi Yobhaliso (ekaRegistry Clerk), kodwa okwangoku, le ndawo inemisebenzi engaphezulu lee kokwamkela uze ubahlise izicelo; ngoko ke akukho sithuba senziwe saba sesingasafunekiyo. Ukuhlungana neenzima zasekuqaleni (ngaphakathi nagaphandle) mayela nokusuka kwindawo-ndalo eqhele ukusebenza ngamaphepha ukuya kwesebenza ngeintanethi ngoku, kuhlala kuyeyona nto ibekwe esweni, lawulwe ngokufaneleneyo.

## 2.2.3 IMPILO EMSEBENZINI KUNYE NAMANYATHELO OKHUSELEKO

Ukuzama ukuthobela iMigaqo eyakhutshwa ngowemimiselo yoMthetho wama-2002 Wolawulo Lweentlekele (iDsiaster management Act, 2002) noMthetho Wempilo Nokhuselkeko Emsebenzini, 1993, kunye noMyalelo owakhutshwa nguMphathiswa Wezengqesho Nabasebenzi, iBhodi yathatha amanyathelo akhethekileyo ukunciphisa ukubekeka kwabasebenzi esichengeni sokusuleleka yiKhowidi-19. Nanga:

- Ukumiswa kwazo zonke iimvavanyo ezisezindaweni zomsebenzi, nayo yonke imisebenzi efuna ukuhlungana kwabantu ubuso ngobuso;
- Ukufumana izizbulali-ntsholongwane zezandla, nezicheme (iimaski), nezikhuseli-buso, nezixilongi-bushushu, ukwenzela ukubeka iliso nokukhusela ababasebenzi bangabekeki esichengeni seKhowidi-19;
- Ukunciphisa inani labaqeshwa abasemsebenzini
- Ukunciphisa inani labaqeshwa emsebezini ngokutshintshisana ngeemini zokuza, nangokwenza amalungiselelo okusebenzela kude, ukwenzela ukuba kuzokuba lula ukuqelelana nokwenzela ukuphungula ukuxinana ezintweni zokuhamba zikawonke-wonke nasemsebenzini;
- Izitishi zomsebenzi ezivalekileyo, apho kukho uvikelo olwaneleyo ngezikrini;
- Ukuthintela usuleleko kuzo zonke iindawo ekusetyenzelwa phezu kwazo nezixhobo zokusebenza phambikokuba kubuyelweemsebenzini;
- Ukuhlalela ukucoca iindawo eziphathwa okanye zibanjwe qho; kanjalo
- Nokuseka iKomiti YeMpilo Nokhuseleko Emsebenzini esebenza kakuhle, enabameli abanikwe ulwazi olufunekayo.

## 2.2.4 UQEQESHO NOPHULISO

Into eyayiphambili kwinkqubo yokukhulisa izakhono yaba kukwenza uphicotho lwezakhono, olwalusenzelwa ukufumanisa izakhono ezishotayo, nokuba iqumrhu eli liya kuyilungisa njani loo nto ngoqeqesho nangophuhliso. IBhodi yatyalala nasekuqeqesheni abasenzenzi bayo baqeqeshelwe ukusebenza kwiqonga elikwi-intanethi, kusenzelwa ukungeniswa kwezicelo zamaphepha-mvume. Ukuba ukwandiswa kwemidlalo yongcakazo kuyaphumelela, elaa qonga (iGenesisi) kungafuneka landiswe/lifakelwe izinto ezintsha, futhi kuqeqeshwe abantu abaqalayo ukuyisebenzisa (abenzi-zicelo) njengoko iya kungabi liqonga elisetyenziswa ngelo xesha kuphela. IBhodi inika amaphepha-mvume qho ngonyaka, yiyo ke loo nto izicelo zokuhlaziya kufuneka nazo zifakwe ngalo eli qonga. Le nkqubo ke inamandla okutshintsha, xa kuthe kwafuneka ukubaiphuhlise ngakumbi, kya kwenziwa izicelo zokuba yenjwenjalo.

Njengokuba indawo-ndalo yongcakazo iguquka, akunakulindelekaka ukuba amalungu eBhodi asuke abe nalo ulwazi olufunekayo kuba babe nako ukwenza izigqibo malunga nale ndawo-ndalo itshintshayo. Kungoko kufunekayo ukuba abasebenzi beWCGRB kwanayo iBhodi bongezelwe izakhono ukuze bakwazi ukusifezekisa kakuhle isigunyaziso sabo. Ukuyenza ke le nto, amalungu eBhodi aye abhalisa kwiZiko LabaLawuli (i-Institute of Directors) ukuqinisekisa ubukho bezakhono ezifunekayo nezokukhetha ubulungisa (iethics) kubantu abakulawulo apha kumashishini. Ngaphezulu, kusetyenziswa neendibano zokufundisa neenkomfa ezikwi-intanethi, ukuze bahlale belufumana ulwazi olukhoyo ngoku malunga nongcakazo kunye nezimbo zomimiselo-migaqo nezenzo ezinokugqwesa malunga nongcakazo olunenkathalo.

## 2.3 UKWENZIWA KWEMIGAQO-NKQUBO EPHAMBILI KUNYE NOTSHINTSHO OLUPHAMBILI LWEMTHETHO

UMongameli waseMzantsi Afrika wabhengeza imo yoNxunguphalo Lwesizwe ngomwe-15 KweyoKwindla ngo-2020, emva kokuba ivayirasi yeKhorona yaygqabhukile eMzantsi Afrika. Amanyathelo awaye ebekiwe zange akuvalele ukukhula kwamanani ababemana ukuqinisekiswa ukuba banaye lo bhuhani uyiKhowidi-19. Ngenxa yoko, uMongameli wabhengeza uvalalo-gingci lwesizwe lweentsuku ezingamashumi amabini ananye, ukususela ezinzulwini zobusuku ngomhla wama-26 kweyoKwindla ku-2020. Emva kokuba loo manyathelo ehloliwe, uMongameli wamisela olunye uvalalo-gingci olwaluya kuphela ngowama-30 kuTshaziimpuzi ka-2020. Kwathi kwakubhengezwa uvalalo-gingci lwesizwe, ishishini longcakazo layeka ukusebenza ngowama-26 kweyoKwindla ngo-2020 lade laya kuqalisa kwakhona ngeyeKhala ngo-2020. Umdlalo wokungcakaza, wokubheja ngamaqonga ekuphendulwanayo nawo, okt. ukubheja okukwi-intanethi nokubheja okwenziwa ezifowunini, njl, kwaqhubeka ukwenzeka nangeli xesha lovalalo-gingci.

Iziphumo zovalo-gingci lwesizwe kwiindlela zokusebenza kweBhodi nokweshishini eli zaba zezi zilandelayo, ikakhulu: Inxowa-mali eqokelelelwa urhulumente wePhondo LaseNtshona Koloni (ifiscus) yalahlekelwa ziirhafu zongcakazo;

- Ishishini longcakazo (ngaphandle kokubheja okwenziwa ngeintanethi) lalahlekelwa yingeniso, kunye nemigungqo yokushishina ke ngoko;
- Iindawo zoshishino ezingenangeniso kakuhle zaba semngciphekweni wokuvalwa kuba zingakwazi ukuhlangabezana namatyala;
- Ukufudukela kwabangcakazi kwi-intanethi njengoko bebona amathuba apho ngexesha lovalelo-gingci;
- Izicelo ezitsha zamaphepha-mvume azisetyenzwa;
- Ukulibaziseka kwengeniso eza kwiWCGRB kuba abanini-mizi yongcakazo bengenazingxowa-mali zokukhupha iintlawulelo ezifunekayo kwangexesha; kanjalo
- Ishishini lenza iziphakamiso ezicela abamiseli-migaqo ukuba bazame ukunyenya eminye yemiqathango yofumano-mvume, nezinye zeemali ezizizibophelelo, kunye neentlawulelo ekfuneka zikhutshiwe.

### 2.3.1 AMATYALA EENKUNDLA

Ishishini longcakazo limangaleleka lula, nakaninzi, nto leyo ibangela ukuba iigqibo kunye nezenzo zeBhodi zimane ziphikiswa ngomthetho; loo nto isenziwa kukuba abanini bamaphepha-mvume, nabanye abanezinye iindima, bezama ukulungiselela imeko yabo yezozoqosho. Ezinye izimangalo zenzelwa ukulungelwa koluntu, okanye zezifuna ukuba kubekho ukucaciselwa ngokomthetho apho iBhodi kunye nomnini mvume othile negavisani malunga nento ethethwa ngumthetho. Kwiimeko ezinjalo ke, bobabini aba badla ngokuvumelana ukuba indlela elungileyo yesisombululo kukufumana uluvo lomthetho. Njengommiseli-migaqo, iBhodi iqwalasela imiba echaphazela uluntu ebanzana kunokujonga kuphela eyorhwebo kuphela. Le nto iyenza iBhodi ikwazi ukulungisa ibhajethi eyaneleyo elungiselelwe izimangalo, ikwazi nokusebenzisa ixesha elivakalayo ekuthatheni inxaxheba kwezo nkqubo zomthetho. Umqhubi khasino othile wafaka isicelo soLuvo Lomthetho, apho aBaphenduli yaye iyiBhodi kunye noMphathiswa Wezemali wePhondo laseNtshona Koloni. Waye esithi amatyala eMidlalo Efelefele (evunyelwa abangcakazi), akayonxalenye “yokuhla” xa kubalwa ingeniso epheleleyo elungelelanisiweyo, futhi akayonxalenye yengeniso erhafelwayo ngokweCandelo 64 loMthetho ofundwa kunye neShedyuli III. Ngaphezu koko, mazibuyiswe zonke iirhafu ezihlawulwe zagqithisa okanye zisetyenziselwe ukuhlawula iirhafu ezizayo ekuza kufuneka azibhatale uMenzi-sicelo. Isigwebo sawiswa ngowama-29 kuTshaziimpuzi ngo-2020, kugwetyelwa uMmangali lowo. Inkundla yathi amatyala eMidlalo Efelefele akayonxalenye “yokuhla” xa kubalwa ingeniso epheleleyo elungelelanisiweyo, futhi akayonxalenye yengeniso erhafelwayo ngokweCandelo 64 loMthetho ofundwa kunye neShedyuli III. IBhodi yayalelwa ukuba ezo rhafu zazibhatalwe kwagqithiswa izisebenzisele iirhafu zongcakazo ezizayo ekuza kufuneka azikhuphe uMenzi-sicelo ngokwemimiselo yeCandelo 64 loMthetho. IBhodi kunye noMphathiswa bafake elowo iSicelo Sokubhena; ke ukuhlalwa kwezi zicelo zokuvunyelwa ukubhena kubhaliselwe ukuhlalwa, kodwa umhla useza kubuya waziswe.

Ukumangalelwa emthethweni kwegunya leBhodi lokumisela imiqathango yokwenza ukuba kufezekiswe uxhobiso olubanzi kuke kwaxoxwa ngako keiNkundla Ephezulu YaseNtshona Koloni, saza isigwebo sawiswa ngomhla we-11 KweyoMngaDngo-2019, kwagwetyelwa iBhodi. INkundla yathi iBhodi inalo igunya lokumisela imiqondiso kubanini zimvume abakhoyo ngoku, ayizange ilisebenzise ngokungenanceba igunya layo xa igqiba kwelokumisela laa mqathango uphikiswayo, yaye ayizange yenze nnto inzima ukwenzeka, okanye into engacingisiswanga xa yayimisela laa mqathango uphikiswayo ngoku kwelo tyala. Esaa Sicelo sokujongwa-kwakhona sachithwa, neendleko yazezommangali. Kodwa ke aBenzi-sicelo bafaka iSicelo Semvume Yokubhena kwiNkundla Engentla Yezibheno, ngowama-30 KweyoMqungu ngo-2020. Ke iBhodi isalindele ukuva umhla obekiweyo wokuchotshelwa kwaloo mcimbi.

UMbutho Weekhasino WaseMzantsi Afrika, othethela ukulungelwa kwabaqhubi beekhasino bedibene, uyayichasa imidlalo yongcakazo (iiofferings) yaBabhejisi neyeZibali-zongcakazo ebhejisa ngemidlalwana enobukhasino (“casino-style”), njengezinto ezingekho mthethweni, eizkwngahambisani noMgaqo-siseko. Lo mcimbi waphikiswa liqela laBabhejisi (aBenzi-zincwadi) kulo lonke eli. UMbutho Weekhasino sele ke walirhoxisa elo tyala. Into ethetha ukuthi iNkundla ayiyi kuba sathetha nto ngaloo mcimbi.

### 2.3.2 IIMEKO ZOMTHETHO OKHOYO NGOKU

Kwakhe kwakho ucebiso-lwaziso (ibriefing) lusenziwa liSebe Lorhwebo Noshishino, ngowe-16 KweyeKhala ngo-2019, lusenziwa phambi kwala maqonga: iBhunga Lesizwe LamaPhondo (iNational Council of Provinces), iSebe Lorhwebo Noshishino (iTrade and Industry), UPhuhliso Lwezozoqosho (iEconomic Development), UPhuhliso Lwamashishini Amancinci (iSmall Business Development), uKhenketho (iTourism), INgqesho Nabasebenzi (iEmployment and Labour). Lwalumalunga noMthetho-sihlomelo Oyilwayo Wolungiso LoMthetho Wesizwe Wongcakazo (iDraft National Gambling Act Amendment Bill). Umhlaba walo Mthetho-sihlomelo wancitshiswa nje kakhulu wamncinci kunomhlaba walowa wawupapashwe ekuqaleni kusenzelwa ukuba abantu bahlomle kuwo. Xa kwakuxoxwa ngawo kwindlu yowiso-mithetho, lo Mthetho-sihlomelo kwaqwalaselwa ulwakhiwo-kutsha lweBhodi Yesizwe Yongcakazo, ukuxandiswa kwenkqubo enkulu (central) yesizwe yolawulo ehamba ngeintanethi { electronic} isiwe kwezinye

## IS AHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

iindlela zongcakazo; kwathethwa ke nangemiba yophatho echaphazela iBhunga Lesizwe Lemigaqo-nkqubo. Lo Mthetho-sihlomelo awuzange uphunyezwe ngexeha lePalamente Yesihlanu, nakuba sele uzihambe zonke iinkqubo ezifunekayo; ngoko ke waphelwa ngokweMithetho YePalamente. Umcimbi wokuvuselelwa kweMithetho-sihloelo wawuye wajongwa ngooNobhala bazo zombini iZindlu ZePalamente, waza wavuselelwa ngowe-17 KweyeDwarha ngo-2019 liBhunga Lesizwe LamaPhondo. Unanamhlanje awukapasiswa lo Mthetho-sihlomelo.

IMigaqo Yongcakazo Nemidyarho YaseNtshona Koloni (liNtlawulelo Neendleko 2016) yalungiswa ngowama-25 KweyoKwindla ngo-2020 ukuhlangabezana nokwanda neendleko zokwanda kwamaxabiso kwiintlawulelo zezicelo zomthetho, nezamaphepha-mvume, nezophando. Ezi ntlawulelo ziyanyuswa qho ngonyaka kulungelelaniswa nonyuko-maxabiso.

IMigaqo Yongcakazo Nemidyarho YaseNtshona Koloni (liNtlawulelo Neendleko 2016), ULungiso Lwesibini Oluyilwayo, 2020 lwapapashwa ukuze kuhlomlwe ngalo ngomhla wesi-8 KuCanzibe ngo-2020. Lna lumisela iNtlawulelo Yolwenziwo-sicelo sokulungiswa kwemvume yomqhubi khasino xa efuna ukufuduka.

UMthetho-sihlomelo Wolungiso Oyilwayo Weshumi Elinethoba (We-19) WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, 2018 (Draft Western Cape Nineteenth Gambling and Racing Amendment Bill, 2018) waqala ukupapashwa ukuze kuhlomlwe kuwo ngowama-28 KweyoMdumba ngo-2018. Lo Mthetho-sihlomelo ke wabuya wapapashwa ngowesi-2 kuCanzibe ngo-2019, umhlaba wawo (its scope) sowuphungulwe waba ngojongene nentlawulelo yasemhethweni emiselwe abanini bamaphepha-mvume abangaBaqhubi weRoute naBaqhubi Khasino. UMthetho-sihlomelo Wolungiso Oyilwayo Weshumi Elinethoba (We-19) Wongcakazo Nemidyarho wapapashelwa ukuba kuhlomlwe kuwo ngowama-24 KuTshaziimpuzi ngo-2020. Kwacelwa ukuba imihlomlo ingeniswe isiwe kwiKomiti Ehlala Ikho Yezemali, Namathuba Oqoqosho, Nezokhenketho ngowama-29 kuCanzibe ka-2020. Ezi ntlawulelo ikakhulu zithatha indawo yeentlawulelo ezaziye zaphelwa ngokomvalo othi makungagqithwa kwiminyaka eli-10 omiselwe kuMthetho. Xa ezi ntlawulelo zingokomthetho zithe zafakwa emhethweni, loo nto iya kuxhasa isiphumezi-njongo seBhodi sokufuna ukuba izimele ngokwayo malunga neemfuno zayo zebhaji. IWCGRB yayame kuVimba WePhondo LaseNtshona Koloni (iWCPT) ukuba enze isiphakamiso somthetho sokuba kuvunyelwe iinguqu kwindlela yayo yokufumana ingeniso.

IBhodi yafumana isimemo esiyileta eyayivela kwiKomiti Ehlala Ikho Yezemali, Namathuba Oqoqosho, Nezokhenketho yePalamente YaseNtshona Koloni {Western Cape Provincial Parliament's Standing Committee on Finance, Economic Opportunities and Tourism} ngowama-25 kweyeSilimela ku-2020 ukuba ingenise imihlomlo ungadlulanga owama-31 kweyeKhala ngo-2020 kulo Mthetho-sihlomelo Wolungiso Oyilwayo We-19 WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, 2020. IBhodi emva koko yamenywa ukuba iyo kuwuthethela ngomlomo ke ngoku lo Mthetho-sihlomelo Wolungiso, kwiKomiti Ehlala Ikho, iye ngowe-9 kweyoMsintsi ku-2020.

Lo Mthetho-sihlomelo Wolungiso Oyilwayo Wama-20 WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, 2020 kunye noMthetho-sihlomelo Wolungiso Oyilwayo Wama-21 WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, 2020 yapapashelwa ukuba abantu bahlomle kuyo, ipapashwa ngowesi-8 kuCanzibe ngo-2020. Izilungiso ezazikuMthetho-sihlomelo Wolungiso Oyilwayo Wama-20 WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, ikakhulu, zivumela ukufuduswa kwekhasino, zikwathetha ngemiba eneenkcukacha ezimalunga nokulungiswa kweemvume. Izilungiso kuMthetho-sihlomelo Wolungiso Oyilwayo Wama-21 WaseNtshona Koloni Wongcakazo Nemidyarho, ikakhulu, ixela irhafu yelungelo elilodwa leeKhasino, kunye nerhafu yethuba loqoqosho, ehambelana nokufuduka kwekhasino.

### 3. INJONGO-NKULU EHAMBELANA NEZIPHUMO EZINOBULUMKO (STRATEGIC OUTCOME ORIENTATED GOAL)

ISicwangciso Esinobulumko siqwalasela iinjongo-nkulu ezihambelana neziphumo ezinobulumko, ezaloo nto-izimeleyo xa iyonke, kunye neziphumezi-njongo ezisekelwe ummandla ngamnye omkhulu ezimisele ukusa iinkonzo kuwo; yonke loo nto ingqalaniswe kakuhle kunye neeprogramu zeebhajethi zayo kwakunye nazo neeprogramana (iisub-programmes) zebhajethi yayo.

<b>Injongo-nkulu Enobulumko</b>	Ukuqinisekisa ukuba iBhodi, njengoko izamana nezisgunyaziso sayo, esimalunga nomiselo-migaqo lweshishini longcakazo, iyila ize isebenzise isakhiwo sayo, nezincedisi-kwenza zayo, kunye neenkqubeko zayo, ngendlela eya kuyinceda ukuba yenze imisebenzi emele yona kakuhle, nangokuphumeleleyo.
<b>Uhambelo-phambili</b>	IBhodi imisela imigaqo ungcakazo kwiPhondo ukuqinisekisa ukuba kweli shishini akukho lwaphulo lwemithetho, nokuthi imigungqo yabantu abanamaphepha-mvume ibazisela eyona iphezulu inzuzo, nokuthi loo migungqo ibe yenokulunga nagkumbi kubaxumi-mashishini (iipatrons). Nokuthi abantu abasesichengeni bafumana ukhuselo olufaneleneyo. Xa izifikelela ezi njongo-nkulu, iBhodi iya kulondoloza, iphuhlise ngakumbi, elihlonipheke apha elizweni lethu, kanti nakumazwe ngamazwe.

### 4. ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI NGOKWEEPGRAMU

#### 4.1 IProgramu 1:IBhodi Kunye Nolawulo

##### Injongo YeProgramu

Ukulawula nokumisela imigaqo ungcakazo ungcakazo kwiPhondo LaseNtshona Koloni.

##### Inkcazo YeProgramu

Ukukhomba iindlela ezinobulumko nokunika iBhodi nabanini-mabango iinkonzo ezixhasayo ezisemgangathweni.

##### Isiphumezi-njongo Esinobulumko

- Ukukhokela nokugada ekwenziweni kwayo yonke imisebenzi yeBhodi ukuze kuqinisekiswa ukuba ulawulo lwenzeka kakuhle (efficiently) nangempumelelo (effectively).
- Ukwenza ukuba kubekho ulawulo olunempumelelo, nolwenzeka kakuhle, lwayo yonke imisebenzi yeOfisi yeBhodi.
- Ukwenza ukuba kubekho inkonzo exhasa ngokucebisa kwezomthetho, neenkonzo zophando ezixhasa iBhodi neOfisi yayo.
- Ukuncedisa iBhodi ekuqinisekiseni ukuba iyazithobela iZenzo Zokugqwesa zokuphatha abasebenzi (zakwaHR), nasekukwazini ukugcina umkhosi wabasebenzi onezakhono ezifanelekileyo.
- Ukuphonononga yonke imigaqo-nkqubo yeADFIN neenkqubo-manyathelo zayo ukuze kubonwe ezisafaneleneyo nezisenokuba nempumelelo, kuze kuthi izincedisi-kwenza ezikhoyo setyenziselwe injongo yale migaqo-nkqubo ezinto ezifanele ukwenziwa ngelo xesha.

##### Ulwakheko Lweprogramu

Iprogram evunyiweyo inaMalungu eBhodi asixhenxe, neGosa LesiGqeba Eliyintloko (uCEO), uMphathi Wezomthetho, kunye naba: uMncedisi Onoqeqeshelo-msebenzi: kwiiNkonzo Zomthetho (iProfessional Assistant: Legal Services), iGosa Eliyintloko Kwezemali (uCFO), iGosa Elikhulu Kwezemali (the Senior Financial Officer), iGosa Elikhulu Kwezolawulo (the Senior Administration Officer), uMphathi Wezabasebenzi (uHuman Resource Manager), uMlawuli: Wezabasebenzi (uAdministrator: HR), uNobhala WeBhodi (the Board Secretary) kunye nabasebenzi abavunyiweyo abalishumi (abali-10).

Ulwakhiwo Lwale programu ke lunezi zahlulwana zilandelayo:

- ISahlulwana-Programu 1.1: IBhodi
- ISahlulwana-Programu 1.2: ISigqeba
- ISahlulwana-Programu 1.2.1: IiNkonzo Zomthetho
- ISahlulwana-Programu 1.2.2: Abasebenzi
- ISahlulwana-Programu 1.3: EzoLawulo NezeMali

# ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

**Iziphumezi-njongo ezinobulumko, izibonisi kwenza, amathagethi acwangiselweyo, kunye nezinto ngqo ezenziweyo (actual achievements)**

IBhodi yabeka amaphece-phemana olwaziso kwiindawo ezingamaqonga oluntu olunguwonke-wonke. Kula maphece-phemana iBhodi yazisa uluntu ngokubanzi ngendima yayo, nangoncedo ekwaziyo ukulunika abantu iBhodi le. Ikwabuza ke nemibuzo efuna ukwazi ukuba zinto zini ezilungcakazo olungekho mthethweni. IBhodi ikwaqhubile ngamaphulo okuqondisa, ewenzela ukwazisa uwonke-wonke kwanamaziko oluntu ngomsebenzi ewuphathisiweyo, isigunyaziso sayo (imandate yayo), kwanangeengozi ezinxulumene nokuthabatheka gqitha lungcakazo, nangongcakazo olungekho mthethweni. Amaphulo okwenza le nto yaba ngala: ukuya ezikolweni, ukubakho kwiintlanganiso zokwazisa abantu basekuhlaleni nezoeqeqesho, nangokusebenzisana namapolisa (iSAPS).

## ISahlulwana SeProgramu 1.1: IBhodi

### ISiphumezi-njongo

ISahlulwana SeProgramu 1.1: IBhodi					
ISibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2018/19	Ithagethi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithagethi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leentlanganiso ekuthathwakuzo izigqibo, kuqwalaselwe nezicelo zamaphepha-mvume.	14	15	16	+1	Intlanganiso yexeshana yeBhodi ngowe-13 Kwindl '20, yokujongana nokubakho kweendlela ezintsha zongcakazo eNtsh. Kol.

Izibonisi kwenziwa eziphambili namathagethi azo nezinto ezenziweyo kanye-kanye

ISahlulwana SeProgramu 1.1:IBhodi							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2018/19	Ithagethi Eli-cwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa Kwithagethi Elicwangcisiweyo Ukuya Kwizinto Ngqo Ezifezekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leentlanganiso lokufezekisa isigunyaziso somthetho.	49	49	44	42	49	+7	<p>Kwabakho iintlanganiso zexeshana ezisixhenxe:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Eyexeshana yeKom yeFin &amp; IT ngowama-23 Khala '19, ukuza kujongana neNgxelo yeAFS, neyoLawulo LweAGSA, kunye neNgxelo engumqalwa YoPhicotho Lwangaphandle.</li> <li>• Intlanganiso yexeshana yeBhodi ngowama-30 Khala , ukuza kujongana neNgxelo yeAFS, neyoLawulo LweAGSA, kunye neNgxelo engumqalwa YoPhicotho Lwangaphandle.</li> <li>• Intlanganiso yexeshana yeBhodi ngowesi-6 Thupha'19 neKhomishini Yesizwe YeLotho.</li> <li>• Eyexeshana yeKom YoPhicotho kowe-10 Msintsi '19, yokuthetha ngoCweyo Kwezemingcipheko.</li> <li>• Eyexeshana yeKom yeeLPM ngowe-17 Dwarha'19 ukujongana nemicimbi yePDI neNiveus abalonolozeli beVukani.</li> <li>• Eyexeshana yeKom Yeekhasino ngowe-12 Mdumba '20, kunye ne-Empower-co, ukujongana nemiba ye-MOI.</li> <li>• Eyexeshana yeBhodi ngowama-13 Kwindla 2020, yokujongana nokuthetha ngeefomu ezintsha zongcakazo eNtsh. Koloni.</li> </ul>

**Icebo elinobulumko Lokoyisa iindawo zokusilela ekwenzeni**  
Azikho iindawo zokusilela ekwenzeni.

**Iinguqu kumathagethi acwangcisiweyo**  
Akuzange kubekho zinguqu kumathagethi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/20.

# ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

## ISahlulwana-Programu esingu-1.2: Isigqeba

### Isiphumezi-njongo

ISahlulwana-Programu esingu-1.2: Isigqeba					
Isibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithageathi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithageathi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani lamangenelelo ukuze kwandiswe ukuqonda kwabantu iBhodi.	4	4	4	-	Akubangakho

### Izibonisi kwenziwa eziphambili namathageathi azo kunye nezinto ezenziweyo kanye-kanye

ISahlulwana-Programu esingu-1.2: Isigqeba							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithageathi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa Kwithageathi Elicwangcisiweyo Ukuya Kwizinto Ngqo Ezifezekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leenkqubo zoqondiso ekwathathwa inxaxheba kuzo.	4	9	4	4	4	-	Akubangakho
Ipesenti yesigqibo zeBhodi ezaphunyezwayo liGosa Ntl. Gq. (uCEO) ngesithuba senyanga enye.	99%	100%	93% (150 kwi-162)	95%	97% (66 kuma-68)	+2%	Uninzi lwezigqibo lwaba nako ukwenziwa ngexesha elalimisiwe.
Inani laba qhubi-zindlu zongcakazo ababekwa iliso malunga nothobelo lwezibophelelo zeCSI.	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	7	4	4	5	+1	Ngexesha I-Q2 zombini iiRoute Operators (uGrand Gaming noVukani) zaziye zaphononogwa ngethuba elinye.

### Icebo elinobulumko Lokoyisa iindawo zokusilela ekwenzeni

Azikho iindawo zokusilela ekwenzeni.

### Iinguqu kumathageathi acwangcisiweyo

Akuzange kubekho zinguqu kumathageathi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/20.

## ISahlulwana-Programu esingu-1.2.1: linkonzo Zomthetho

Injongo yesi isahlulwana-programu kukuba yindawo yoncedo lwezomthetho kwiBhodi, ngokunika icebiso lezomthetho ngomlomo, nokwenza uphando, nokuqulunqa iingxelo ezibhaliswyo, nokuqalisa ukubalela iBhodi uluvo lwezomthetho, lize liphathe yonke imicimbi yokumangalelwa kweBhodi ezinkundleni zomthetho, libhale imiqalwa (iidrafti) yezilungiso eziphakanyiswa yiBhodi, zoMthetho, nezeMigaqo, nangokuhlala lifuna ulwazi llwexesha nexesha, sikwenze oku ngokuba lilungu lalaqonga afneleneyo esizwe nawamazwe ngamazwe, size sihambe iindibano zaloo maqonga

### Isiphumezi-njongo

ISahlulwana-Programu esingu-1.2.1: linkonzo Zomthetho					
ISibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithageathi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithageathi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani lezimvo zomthetho ezaqulunqwayo.	48	36	39	+3	Izimvo zomthetho zibhalwa ngokuthi zifuneke; ke ukuqingqa amathageathi kuyathelekelelwa.

### Izibonisi kwenziwa eziphambili namathageathi azo kunye nezinto ezenziweyo kanye-kanye

ISahlulwana-Programu esingu-1.2.1: linkonzo Zomthetho							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithageathi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa Kwithageathi Elicwangcisiweyo Ukuya Kwizinto Ngqo Ezifezekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Dlulisa/Hambisa umqalwa weNgxelo yoPhando lwendima yomthetho ekungeniseni inkqubo enyanzelekileyo yomdlalo wamakhasi eNtshona Koloni nokucebisana neshishini eli kwanabanye abanini-mabango.	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	1	1	-	Akubangakho
Kufakelwe iinkcukacha ezifunekayo kumqalwa Wengxelo Yophando emva kokuthethana ngayo neshishini eli.	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	1	1	-	Akubangakho

### Icebo elinobulumko Lokoyisa iindawo zokusilela ekwenzeni

Azikho iindawo zokusilela ekwenzeni.

### Iinguqu kumathageathi acwangcisiweyo

Akuzange kubekho zinguqu kumathageathi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/20.

# ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

## ISahlulwana-Programu esingu-1.2.2: Ezabasebenzi

Esi sahlulwana-programu sesokuqinisekisa ukuba iBhodi iyayithobela imithetho efaneleneyo yezabaqeshwa neyenzengesho.

Ukongeza, esi sahlulwana-programu sezabasebenzi siqwalasela iimicimbi ejongene nokugaywa kwabasebenzi nokunikwa isithuba kwabasebenzi abafunekayo. Ikwangumsebeni wesi sahlulwana-peogramu ukujonga ukuba kuthi, kwakubakho imfuneko, babsebenzi bafumane uqeqesho olufunekayo kubo; olo qeqesho lolokuba bazifizekise iinjongo-nkulu zokuziphuhlisa bona ngabanye, kwanokubancedisa ukuba babe nezixhobo ezifanelekileyo ukuze ngazo bakwazi ukufezekisa iinjongo-nkulu zamasebe abo ngokwaneleyo nakakuhle. Esi sahlulwana-programu sikwajongene nezinto zonke eziphathelene nempilo nokhuseleko, nlungelwano engqeshweni, ubudlelwane neemanyano zabasebenzi kunye namalungelo abasebenzi.

### Isiphumezi-njongo

ISahlulwana-Programu esingu-1.2.2: Ezabasebenzi					
Isibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2018/19	Ithageathi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithageathi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leziphumo zophicotho lwaKwezaba-Sebenzi ezibonisa iimpazamo a	0	0	0	-	Akubangakho

### Izibonisi kwenziwa eziphambili namathageathi azo kunye nezinto ezenziweyo kanye-kanye

ISahlulwana-Programu esingu-1.2.2: Ezabasebenzi							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2018/19	Ithageathi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2019/20	Ukushenxa Kwithageathi Elicwangcisiweyo Ukuya Kwizinto Ngqo Ezifizekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leengxelo ezingeMigaqo ezangeniswa ngexesha elililo kwiSebe Lezabasebenzi.	1	1	1	1	1	-	Akubangakho
Inani leengxelo malunga nosetyenziso lweSicwangciso Sezancedisi-kwenza Ezingabantu (Sezabasebenzi).	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	4	4	4	3	-1	Umphathi Wakwezabasebenzi wayeka emsebenzini ngoTshaziimpuzi ka-2019.
Ipesenti yophononong lokwenziwa komsebenzi, iingxelo zalo ezenziwayo zafezwa ngexesha elilio.	Isibonisi Kwenziwa Esitsha	50%	49% (70 kwi-142)	95% (142)	61% (86 kwi-142)	-34%	Uninzi lwamagosa ayesele ethathe ikhefu xa kwakusenziwa uphononongo, ngeyoMnga ku-2019, ukuvula kweNkqubo YokuPhathwa Kwezenzo Zomsebenzi (iPMS).

**Icebo elinobulumko lokoyisa iindawo zokungenziwa kakuhle komsebenzi**

Umpathi omtsha weZabasebenzi waqeshelwa ukuba aqalise ngowoku-1 kweyeKhaya ngo-2019.

Aya kwenziwa amalungselelo okuvula inkqubo (isystem) kwangaphambi kwexesha {in advance} ukwenzela ukuba amagosa akwazi ukuzalisa amaxwebhu awo oPhononongo Lokwenziwa Komsebenzi phambi kokuba aye ekhefini ngenyanga yoMnga.

**linguqu kumathagethi acwangcisiweyo**

Akubangakho zinguqu kumathagethi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/2020.

**ISahlulwana-Programu esingu-1.3: EzoLawulo NezeMali**

ISebe LezoLawulo NezeMali lixhasa iBhodi ngokuyenzela imisebenzi yezolawulo neyezeemali. Likawsebenza njengomgcineli weBhodi izinto ehleli inazo nezinto eziye zafunyanwa.

**Isiphumezi-njongo**

ISahlulwana-Programu esingu-1.3: EzoLawulo NezeMali					
ISibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithagethi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithagethi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Uluvo lophicotho lwafunyanwa kuMphocothi-Jikelele WaseMz. A. olonyaka-mali wangaphambili.	Ingxelo yophicotho engenasiphako, engenazi-mpazamo zinkulu zifunyenweyo	Ingxelo yophicotho engenasiphako, engenazi-mpazamo zinkulu zifunyenweyo	Ingxelo yophicotho engenasiphako, enezinto ezifunyenweyo	-1	Ukungathotyelwa kweMigangatho yeGRAP yodandalaziso.

**Izibonisi kwenziwa eziphambili namathagethi azo kunye nezinto ezenziweyo kanye-kanye**

ISahlulwana-Programu esingu-1.3: EzoLawulo NezeMali							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithagethi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithagethi elicwangcisiweyo ukuya Kwizinto Ngqo Ezifezekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leengxelo zemali ezanikwa abanini-mabango.	33	33	33	33	33	-	Akubangakho

ISebe: ElezoLawulo NezeMali lenzela iBhodi neOfisi yayo indawo esebenzisa kakuhle ukuze yenze imisebenzi yayo esisigunyaziso.

**Icebo elinobulumko lokoyisa iindawo zokungenziwa kakuhle komsebenzi**

Ukuya kuqeqesho lweGenerally Recognised Accounting Practice (iGRAP), nokuphononongwa okuzimeleyo kweengxelo-nkcazo ngemali.

**linguqu kumathagethi acwangcisiweyo**

Akubangakho zinguqu kumathagethi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/2020.

# ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

## Ukudibanisa ukwenziwa komsebenzi nebhajethi

IProgramu	2019/20			2018/19		
	Ibhajethi R	Inkcitho Eyenziweyo R	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R	Ibhajethi R	Inkcitho Eyenziweyo R	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R
IBhodi NezoLawulo	27 091 566	25 505 770	1 585 796	23 327 766	21 781 191	1 546 575

IBhodi iyiqikelela imali enokuyichitha kwiingxaki zomthetho kwezo ebikhe yanazo ngaphambili. IBhodi ayinako ukuzicingela ngokuchanekileyo ingxaki zomthetho enokungena kuzo; yiyo loo nto isenza olwaneleyo olusekwe kwinani lemicimbi yezomthetho esele inayo nasekuthetheleleni iindleko zomthetho ezingabakho ezintsha ezingavela ngonyaka-mali.

IBhodi yenza inkcitho engaphantsi kwiiprogramu zoqeqesho nezoqondiso (iawareness). Kwixesha elininzi apha enyakeni iSebe Lezabasebenzi liye lenza uphicotho lwezakhoni, ukuze kuqondwe kakuhle iimfuneko zoqeqesho zequmrhu eli linkqubo Zoqondiso-luntu zeBhodi azenziwa ngokwahlukelelyo. IBhodi iza kwandisa ubukho bayo kumakhaso onxibelelwano loluntu njengoko iinkqubo zoqondiso zikwenziwa ngokuthi kujoliswe izihlwelwe ezithile ezithe ngqo.

## 4.2 IPROGRAMU YESI-2: UNIKO LWAMAPHEPHA-MVUME

Umsebenzi owenziwa lisebe Loniko Lwamaphepha-mvume kukwamkela nokuzisebenza zonke izicelo zamaphepha-mvume. Ekusebenzeni kwalo izicelo ngezicelo zamaphepha-mvume ezimalunga namaziko-shishino kwanabasebenzi, kufuneka lijongene nazo neentlawulelo zeendidi ngeendidi, lenze nophando lwezinto ngezinto, lilungise neengxelo/izinto ezingeniswayo ezinika iingcebiso ezineenkukacha, lizizise kwiGosa Eliyintloko Lesigqeba nakuyo/okanye kuyo iBhodi.

### Isiphumezi-njongo

Ukuqinisekisa ukuphandwa kwezicelo ezifikileyo okwenziwe cokisekileyo nangexesha, okya kukhokelela ekunikeni amaphepha-mvume abantu abame kakuhle nabafanelekileyo abavunyelweyo ukuba bayenze bawenze amashishini ongcakazo.

IProgramu Yesi- 2: UNiko Lwamaphepha-mvume					
ISibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2018/19	Ithagehi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifizekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithagehi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani lezicelo zamaphepha-mvume neengcebiso malunga nazo, ezingeniswe kwiGosa Eliyintloko Lesigqeba nakwi-/okanye kwiBhodi ukuze ziqwalaselwe lilo/yiyo.	8 335	8 250	8 736	+486	Ithagehi lisekelwe umyinge wexesha elingaphezu kweminyaka emi-3. Amaphepha-mvume ahlaziyeka ngokuzenzekelayo, o.kt. amaphepha-mvume abasebenzi amatsha akhutshwa kwiinyanga ezi-6 phambi kokuphelelwa koMqhubi-shishini abaqeshwe kuye, ayakhutshwa xa kukhutshwa iphepha-vume elitsha kwakuloo nyaka.

Izibonisi kwenziwa eziphambili namathagethi azo kunye nezinto ezenziweyo kanye-kanye

IProgramu Yesi- 2: UNiko Lwamaphepha-mvume							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2018/19	Ithagethi Eli-cwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa Kwithagethi Elicwangcisiweyo Ukuya Kwizinto Ngqo Ezifezekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Ipesenti yezicelo ezitsha malunga namaphepha-mvume abasebenzi (aphambili nawongcakazo) afikileyo aze asetyenzwa ngexesha lama-30 eentsuku zifikile.	92%	90% (2 193 kuma-2 433)	90% (2 114 kuma-2 347)	89%	92% (2249 kuma-2451)	+3%	Zaba mbalwa izicelo ezifuna ulwaziso oluthe kratya okanye uphando ngakumbi ezasetyenzwayo ngeli xesha siphonononga lona. Ukwanda kwabenzi-zicelo abangabanini-maphepha-mvume aliqela kufuna ukuba kwenziwe uphando-lugqogqo {iprobiy} olunye kuphela; yiyo loo nto ixesha lokugqiba ukuzisebenza ezo izicelo liba lifuttshane (zenzeka ngokukhawuleza); yiloo nto ke le ikhokelela ekudleni kumathagethi abemisiwe.
Ipesenti yezicelo zohlaziyo ezifikileyo, zasetyenzwa ngeli xesha leenyanga ezi-3 zohlaziyo.	99%	99% (5 568 kuma-5 632)	99% (5 807 kuma-5 865)	98%	99% (5982 kuma-6063)	+1%	Zibe mbalwa iimeko zolwaziso olungaphelelanga okanye ezezicelo zokunikwa ulwaziso oluthe kratya malunga nezicelo ezimalunga nabasebenzi, zaba ke zibe ninzi izicelo ezisetyenzwe ngexesha elililo.

Isebe Loniko-maphepha-mvume, lisabela kwisigunyaziso salo, ngokuzisebenza zonke izicelo ezifikileyo ezivela kubenzi-zicelo ekufuneka benamaphepha-mvume kwangoko ukuze babe nokuthatha inxaxheba eshishinini longcakazo apha ePhondweni. Ukusetyenzwa kwezi zicelo ke kubandakanya ukudibanisa izaziso eziya kuwonke-wonke ezicela nayiphi na imihlomlo kunye nezimvo ezingavumelaniyo (iiojections), malunga nezicelo, nokwenza uphando olugqogayo ukuze kubonwe ukuba ngabaphi abenzi-zicelo abafanelekileyo ukuba babe nabanini-maphepha-mvume, linike iingcebiso ezisekwe ekwazini, ezisenokuba zikhokelele ekuvunyweni okanye okanye ekungamkelekini kwezicelo, nasekukhutshweni kwamaphepha-mvume okuhanjiswa.

**Icebo elinobulumko Lokoyisa iindawo zokusilela ekwenzeni**

Azikho iindawo zokusilela ekwenzeni.

**Iinguqu kumathagethi acwangcisiweyo**

Akuzange kubekho zinguqu kumathagethi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/20.

**Ukuhlanganisa ukwenziwa komsebenzi kunye neebhajethi**

# ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

Programme	2019/20			2018/19		
	Budget R	Actual Expenditure R	(Over)/Under Expenditure R	Budget R	Actual Expenditure R	(Over)/Under Expenditure R
Yoniko-maphepha-mvume	20 936 860	14 175 268	6 761 592	13 665 498	13 737 602	(72 104)

Uvimba-mali WePhondo uye wanikela ngesixa esizizigidi ezi-R6 455 000 kwibhajethi ukwenzela ukubuyisela aBaqhubi-mashishini angooMatshini Abahlawula Inxenye (iiLPM) iintlawulelo ezigqithisileyo ababazikhuphile kwiminyaka engaphambili. Ngokuvumelana nabo bobabini abaqhubi-mashishini abo, lo mbuyekezo kwakufuneka ibhatalwe ngoTshaziimpuzi ka-2019. Le mbuyekezo yayifakwe kunye nokratya wemali yeBhodi, ekwagqitywa ngayo nowama-31 kweyeKhala ngo-2019, yaza yangqinelwa ngabaphicothi-zimali ukuba ichanekile ngowama-31 kweyeKhala ngo-2019, njengoko eyona ngxelo ichnake ngokupheleleyo yangokocwangciso-zimali ingaqinisekiswa kuphela ngabaphicothi-zincwadi ekupheleni kwayo inkqubo yophicotho. Le mali iziinkozo ugqithisileyo iya kubhatalwa kuVimba-mali ngeyeDwarha apha ku-2020.

### 4.3 IPROGRAMU YESI-3: UTHOBELO LWEMIGAQO

Le programu yenza imisebenzi yokuqinisekisa ukuba zonke iindawo-mashishini ezinamaphepha-mvume okuqhuba ungcakazo nokubhejisa ziyenza imigungqo yazo ngokuhambelanayo nezibonelelo zomthetho kwanazo izinto ezifunwa ngumthetho.

Ungcakazo olungekho mthethweni olwenzekayo apha kwiPhondo luyaphandwa nalo yile Programu; le nto ke yenziwa ngoksebenza kunye neearhente zolwenziso-ezifaneleneyo.

Le Programu iye yaba nempumelelo evakalayo noko kwimizamo yokuvala iindawo-mashishini zongcakazo olungekho mthethweni, ngakumbi iikhefi zeintanethi ezi ncasana. Nakuba kunjalo, le Programu isazimisele ukuphucula icebo lalo elinobulumko lokuba ibe nokufikelela kumhlaba othe kratya ukuba banzi, nokuba ibe nempumelelo ngakumbi.

Ukuthobelo, nje ngokubanzi, lwabanini maphepha-mvume lukiwnqanaba elamkelekileyo; kodwa ke zihlala ziqhubeka iinzame zokuhlala kuphononongwa izenzeko neenkqubo ukwenzela ukunyunyusela ngentla loo manqanaba othobelo.

#### Isiphumezi-njongo

Ukuqinisekisa ukuba imigungqo yongcakazo neyokubhejisa eyenziwa kwiPhondo eli iyahambelana nemimiselo yemithetho neemfunek zemigaqo.

IProgramu Yesi-3: Uthobelo Lwemigaqo					
Isibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithagehi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithagehi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani lezicelo zamaphepha-mvume neengcebiso malunga nazo, ezingeniswe kwiGosa Eliyintloko Lesigqeba nakwi-/okanye kwiBhodi ukuze ziqwalaselwe lilo/yiyo.	95%	80%	88%	+8%	Ithagehi lisekelwe umyinge wexesha elingaphezu kweminyaka emi-3. Amaphepha-mvume ahlaziyeka ngokuzenzekelayo, o.kt. amaphepha-mvume abasebenzi amatsha akhutshwa kwiinyanga ezi-6 phambi kokuphelelwa koMqhubi-shishini abaqeshwe kuye, ayakhutshwa xa kukhutshwa iphepha-vume elitsha kwakuloo nyaka.

Izibonisi kwenziwa eziphambili namathagethi azo kunye nezinto ezenziweyo kanye-kanye

IProgramu Yesi-3: Uthobelo Lwemigaqo							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2018/19	Ithagethi Eli-cwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezi-fezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa Kwithagethi Elicwangcisiweyo Ukuya Kwizinto Ngqo Ezifezekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leemvavanyo zothobelo ezenziwayo kwimizi yongcakazo Enamaphepha-mvume.	1 202	1 227	1 306	1 300	1 138	-162	Akukho zimvavanyo zothobelo zaba nokwenziwa ukususela kowe-15 kweyoKwindlaku -2020
Ipesenti yophando olwenziwayo kwangexesha lwazo zonke izityholo zobukho bongcakazo olungekho mthethweni ezazifikile kuyo iBhodi.	100%	100%	100%	100%	81,4%	-18,6%	Akukho luphando lwaba nao ukwenziwa ukususela kowe-15 Kwindla ngo-2020.

Ngenxa YeNtlekele Yesizwe, amabini kumathagethi eli sebe aba nokuphumeleliswa ngokuyinxenye, njengoko kwamiselwa amanyathelo othintelo okunciphisa umngcipheko wevayirasi yeKhorona. Izenzo zophicotho umthetho wazo zenzelwa kwimizi yongcakazo enamaphepha-mvume. Zona ke izenzo zophando zifuna ukuba amagosa olwenziso-mthetho athathe iihambo eziya kwiindawo ngeendawo ukuya kwenza lo msebenzi wawo. Akuzange kubekho ndlela yakuba seluhambeni ukususela kowe-15 kweyoKwinda, kuba kwakufuneka kuncitshiswe umngcipheko wokuba abasebenzi bafumane ivayirasi yeKhorona.

**Icebo elinobulumko lokoyisa iindawo zokungenziwa kakuhle komsebenzi**

Ukungenzeki kakuhle komsebenzi kwakunencxa yeemeko eyayingenako ukuzilawula iBhodi (ezalo bhuhabe kepandemic). Iofisi iza kukhangela iindlela ezizezinye zokwenza uphicotho, kwanophando longcakazo olungekho mthethweni ukuqinisekisa ukuba abanamaphepha-mvume bawaqhuba amashishini abo ngokuthobela imigaqo yomthetho, nezalathandlela zawo.

**Iinguqu kumathagethi acwangcisiweyo**

Akubangakho zinguqu kumathagethi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/2020.

**Ukuhlanganisa ukwenziwa komsebenzi kunye neebhajethi**

IProgramu	2019/20			2018/19		
	Ibhajethi R	Inkcitho Eyenziweyo R	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R	Ibhajethi R	Inkcitho Eyenziweyo R	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R
Uthobelo LweMigaqo	18 221 662	17 038 636	1 183 026	16 450 631	16 232 344	218 287

Inkcitho engaphantsi kwebhajeti kuThobelo Migaqo yenziwe kukubakho kwezithuba ezingavalwanga apha enyakeni.

Eli sebe laba nako ukonga kwicala lokuthatha iihambo needawo zokuhlala ngenxa yeendlela zalo zokunciphisa inkcitho, nokusebenzisa ezeBhodi iinqwelo ukwenza imisebenzi yoqhubo-mashishini yesebe eli.

# ISAHLULO B: ULWAZISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI

## 4.4 IPROGRAMU YESI-4: ITHEKHOLOJI YOLWAZISO NOQHAKAMSHELWANO

Isebe LoLwaziso Nethekhnoji lona libonelela iBhodi ngazo zonke iinkonzo zethekhnoji yolwaziso noqhakamshelwano ezifunekayo. Ikawsebenza njengomgcineli weBhodi ulwaziso lwayo olukwi-intanethi.

### Isiphumezi-njongo

Ukunika iWCGRB iintsombululo ezinobutsha zolwaziso, noqhakamshelwano nethekhnoji ezaxa kusetyenzwayo, ezimalunga nesicwangciso esinobulumko, kunye nezimalunga nenqanaba lokwenza izinto ncakasana.

IProgramu Yesi-4: IThekhnoji Yolwaziso Noqhakamshelwano					
ISibonisi-kwenziwa seSiphumezi-njongo	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithagehi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa kwithagehi elicwangcisiweyo ukuya Kwinto Ngqo Efezekisiweyo Kanye-kanye Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Ixehsa leenkqubo zolona Luncinci Ulwaziso lenyuka laba ngaphezu kwama-350 eentsuku.	99.86%	95.9%	99.87%	+3,97%	Uubuhetele bolwenzeko-msebenzi obuyile pesent,+3,97% obabangelwa kukuphathwa kakuhle kwamaseko.

### Izibonisi kwenziwa eziphambili namathagehi azo kunye nezinto ezenziweyo kanye-kanye

IProgramu Yesi-4: IThekhnoji Yolwaziso Noqhakamshelwano							
Isibonisi kwenziwa	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2016/17	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2017/18	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2018/19	Ithagehi Elicwangcisiweyo 2019/20	Izinto Ngqo Ezifezekisiweyo 2019/20	Ukushenxa Kwithagehi Elicwangcisiweyo Ukuya Kwizinto Ngqo Ezifezekisiweyo Ngo-2019/20	Ukuhlomla Malunga Nokushenxa
Inani leziganeko zokugcina ulwaziso ezi zinto zikhoyo ngoku: ubuxhakakaka bezolwaziso (IT systems), amaseko azzinto ezilukhuni, nazizinto ezithambileyo, kunye nalawo angawonxibelelwaniso.	13 032	13 312	18 418	14 000	20 529	+6 529	Ukushenxa okwabangela kukusebenzisa ngokuphumeleleyo ezi zinto: iZichasi-vayirasi, iFirewall Ukwenziwa ntsha kwezinto ezithambileyo (iSoftware Updates and Patches) zamaseko eWCGRB.
Inani lemigunqo eyenziwayo yothintelo neyokuxhobisa ngolwazi.	66	65	71	64	71	+7	Ukushenxa okwabangelwa kukusetyenziswa kwePhulo Lonikomaphepha-mvume Oluzenzekelayo leWCGRB.

ISebe LezeThekhnoloji Yolwaziso lenza igalelo, ngokuphumeleleyo, ekuthini iBhodi ifezekise iziphumezi-njongo zayo kunye nesigunyaziso sayo, ngokuyenzela ezi zinto zilandelayo iBhodi: ngokusebenzisa iintsombululo kunye neenkqubo- ezifuneka nakanjani zethekhnoloji yolwaziso, nokuyilondoloza, nokuyiphucula, nokuyigcina ikhuselekile

Isenzo esihlala sisenziwa sokufunda okuqhubekayo okuqingqiweyo, nokungaqingqwanga kwanokuzifundela okwenziwa liSebe LeThekhnoloji Yolwaziso sabangela ukuba kuhlale kukho ulwazi olufanelekileyo olufumanekayo lokuxhasa nokunika ukuba nako kuyo iOfisi yeBhodi ukuze ikwazi ukufezekisa ixabiso lwezi ntsombululo zisetyenzisiweyo zeThekhnoloji Yolwaziso.

**Icebo elinobulumko lokoyisa iindawo zokungenziwa kakuhle komsebenzi**

Akuzange kubekho ndawo zolwenziwo-msebenzi olungaphantsi kwemfuneko.

**Iinguqu kumathagethi acwangcisiweyo**

Akubangakho zinguqu kumathagethi acwangcisiweyo ngonyaka-mali ka-2019/2020.

**Ukuhlanganisa ukwenziwa komsebenzi kunye neebhajethi**

IProgramu	2019/20			2018/19		
	Ibhajethi R	Inkcitho Eyenziweyo R	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R	Ibhajethi R	Inkcitho Eyenziweyo R	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R
Information and Communication Technology	11 479 142	10 187 799	1 291 343	9 015 610	6 957 220	2 058 390

ISebe LeThekhnoloji Yolwaziso Noqhakamshelwano laba nokulondoloza imali ethile xa kwakusenziwa usetyenziso lwePhulo Loniko-maphepha-mvume Ngoomatshini.

## 5. UQOKELELO LWENGENISO

Imithombo Yengeniso	2019/20			2018/19		
	Estimate Amount R	Actual Amount Collected R	(Over)/ Under Collection R	Estimate Amount R	Actual Amount Collected R	(Over)/ Under Collection R
a) lintlawulelo zezicelo	1 850 000	3 089 725	(1 239 725)	1 714 427	2 332 661	(618 234)
